


# UPHAWU LWERHAMNCWA

 Enkosi. Kwaye wathi, “Makhe ndizifihle kuWe.” Ngokuba, ndicinga ukuba oko kuhle kakhulu. Ndiyakuthanda oko ngokwenene, kakuhle ngokwenene. Enkosi ngobubele.

Kwaye eyona “Mvakwemini ilungileyo,” kuni nonke, “molweni ngokuhlwa,” kwaye iintsikelelo zikaThixo zibe nani nonke.

Ngoku, yiyo, kwakhona, ngokuhlwanje, inyweba yethu yokuwavulela emva amaphepha eLizwi, apha, ukufunda. Ndi—ndiyakuthanda ukucula; ndiyakuthanda nje. Kwaye ndahlala ndisithi ebantwini, “Xana nifika eZulwini, ukuba awunakundifumana kufutshane neTrone ndaweni ithile, yiya ngaphaya apho bacula khona.” Kwaye ndi—ndifuna ukuba phaya. Kwaye ndiyakuthanda ukucula okulungileyo. Kodwa, ngexesha lo—lo mhlangano weVangeli, apho izigqibo kufuneka zenziwe khona, ndicinga, “Iculo nje okanye amabini, kwaye ngokukhawuleza kuyiwe eLizwini. Ukunika ixesha kwiLizwi.” Yabona? Kuba yeyona nto iphambili—eyona nto iphambili: kukuya ngqo eLizwini.

Kwakukho umntu othile apha, abantu abasuka ngaphandle kwedolophu, bahlala kwisikhoji, nje emva kwendawo, abo ndandimelwe kukuba ndihlangane nabo kwangethuba emva kwemini, kanye nje phambi kweenkonzo. Ukuba balapha: Ndiyaxolisa ngokuba ndingakwazanga ukulufezekisa elo dinga; kwaye ndiya kunibona ngoko nangoko emva kokuba inkonzo iphelile; kwaye nindixolele ngokuthi, “ndiya kuba lapha,” xana ndi, kuye kwavela ezinye izinto, ukuze, ndingabi nako ukuba lapha ngelo xesha.

Ngoku, ngokuhlwa ngomso...Sisoloko sibonisa ngento enye, iNkosi uYesu Kristu, kuphelele apho, kwaye nantoni na ekuyi ntando Yakhe eNgcwele ukuba thina siyenze. Kodwa ukuba oko yintando Yakhe eNgcwele ngokuhlwa ngomso, kwi *Tywina LikaThixo*, siyakuthetha, ukuba iNkosi ithandile.

<sup>2</sup> Kwaye ngokuhlwanje, siyanikezela, ukuba Yena...kube yinyhweba Yakhe kuthi ukuba sikwenze oko, okanye inyhweba yethu yokuba simenzele Yena, gxebe, ngokuhlwanje, sifuna ukuthetha ngesona sihloko sibalulekileyo seyure: *Uphawu Lwerhamncwa*.

<sup>3</sup> Kwaye kubusuku obugqithileyo besikwizigaba zebandla, *IZigaba Ezisixhenxe ZeBandla*. Kwaye ukuqalisa ngeSigaba SeBandla lase-Efese, lase-Efese; saze saphelela kwiSigaba seBandla laseLawodike, isigaba sokugqibela sebandla. Kwaye yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo ngoku kwiLizwi njengokuba sithetha.

4 Ngoku singathobisa nje iintloko zethu ngomzuzwana womthandazo, kanye nje phambi kokuba sivule eli Lizwi liNgcwele.

5 Bawo waseZulwini onobubele, sinombulelo ngale nyhweba leyo esinayo ngokuhlwanje, yokuba siphila, nokuba lapha emhlabeni, ngokuhlwanje, kwaye sisempilweni entle namandla, kwaye sinokuhlala kwisakhiwo, apho iLizwi likaThixo lifundiweyo khona.

6 Kwaye siyathandaza, Owu uMhlawuleli osikelelweyo, unguMhlawuleli Osondeleyo kuthi Owasihlambayo eGazini Lakhe, waza wasihlambulula ukusuka esonweni, kwaye ngoku esibonisa kuYise, singenasiphako, kuKristu Yesu; wanga Ungeza, ngokuhlwanje, uze ulithabathe iLizwi kwaye uLivule kwiintliziyo zethu. Wanga uMoya oyiNgcwele angalibamba iLizwi njengoko Lifundisiweyo, kwaye langa Lingaya ngqo kwinqaku lalo, kuyo yonke intliziyo, intliziyo yam kunye nentliziyo yesihlwele. Njengoko siYiswele, Bawo, kwanga Kungabonelelwa ngalo. Kwaye kwanga kungangabikho bani unokukhubekiswa liLizwi. Kwaye, Bawo, ukuba ngalo naliphi na ixesha elo endiyakuthetha oko kuchasene nokukhokela Kwakho, wanga uMoya oyiNgcwele angawuvala umlomo wam. Ndingwenela kuphela ukwazi loo nto iyiyo iNyaniso, ndize ngoko ndihambe kuyo.

7 Sisikelele kunye ngoku, usixolele izono zethu, njengoko sihlanganisene kule ndlu yonqulo. Kwaye zanga izono zethu zingaphantsi kweGazi, kwaye imimoya yethu ibekwe kwisimo esilungileyo sokunqula ngeli xesha. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

8 Ngoku, bendicinga nje, esi siqwenga sephepha sincinci silapha, bendibhale iZibhalo ezininzi kuso...zokuba ndibhekise kuzo, ukufunda, indawo yokuqala. Kwaye ngoku xana ndifika phezulu apha, kubonakala ngokungathi andiziva ukuba ndifunde nasiphi kuzo. Oko ngokuqhelekileyo yindlela okuhamba ngayo; imixholo emine okanye emihlanu emincinci ukuqalisa kuyo.

9 Kodwa ndifuna ukufunda okanye ndithethe oku kuqala, ukuba, ekuthetheni, andikaze ndithabathe ingcinga. Uyazi, mhlawumbi, njengokuba...Andisenako ukuyicwangeisa into emandiyithethe kunokuba nisenza, yabona, akukho kwanto. Ndilindela Yena nje. Kwaye njengokuba ndiyibona, ndifikelela nje kuyo ndiyifumane, ndize ndinikezele ngayo. Kwaye ngoko ngamanye amaxesha isenokuvakala irhabaxa, ngamanye amaxesha, kodwa kukuphela kwendlela endiyamkele ngayo leyo. Ke leyo—leyo yindlela ekuphela endinokuyinika ngayo.

10 Ngoku, koku, yivumele...mna ndithi kwakhona ngokuhlwanje. Oku akujoliswanga ngakuye nawuphi na umntu okanye inkolo yakhe nabani na, yabona, hayi konke konke.

Asikukholwa oko. Siyakholwa ukuba singamaMelika okwenene okwenyani, ukuba wonke umntu usenokuba nenyhweba yokunqula uThixo ngokokuthanda kwesazela sakhe. Kwaye siyifuna ukuba ihlale ingalo ndlela. Kodwa, kuwo onke amabandla, sinemfundiso.

<sup>11</sup> Amaxesha amaninzi, kwimibutho, namahlelo, banemvumo nkolo. Kwaye bahlala kuloo mvumo nkolo, “Le yimvumo nkolo yethu.” Akunamsebenzi nokuba umlungiseleli ucinga ntoni na, umelwe kukuba ashumayele imvumo nkolo, ngokuba ekwihlelo.

<sup>12</sup> Kwaye ke apha, asinamvumo nkolo ngaphandle koKristu, yileyo imvumo nkolo; kwaye akukho mthetho ngaphandle kothando; akukho ncwadi ngaphandle kweBhayibhile. Kwaye uKristu uyiNtloko; kwaye iBhayibhile yincwadi yethu yokufunda; ihlabathi liyirhamente yam. Ke ndithanda—ndithanda nje ukushumayela ngendlela endiziva ndikhokelwa ngayo ukushumayela, kwaye kanye nje ngale ndlela ndiyibona ngayo.

<sup>13</sup> Kwaye ngoko ngeli xesha, ekuthetheni ngokukodwa ngale ndawo irhabaxa ngenene, ilukhuni, inxalenye enqunqayo yeVangeli, kodwa, niyazi, le yindlu yomgwebo. “Umgwebo uqala e” (phi?) “endlwini kaThixo.” Kulungile. Apha kulapho umgwebo uqalisa khona. Kwaye kukho... Ukuba ubuye apha enkundleni yamatyala, kwaye ubuya kuthetha ityala, banencwadi yomthetho phaya, kufuneka bawufunde lo mthetho, ukuze bafumanise ukuba ugwetyelwa ntoni na. Kwaye yiloo ndlela ekuyiyo nasendlwini kaThixo, simelwe kukuba sikuthabathe eLizwini likaThixo.

<sup>14</sup> Kwaye ngoku, ngamaxesha amaninzi, kwezi zinto, ke qiniseka ukuba uyakufumana oku ngoku, ukuba, ndisenokuphosisa. Ukutolika kwam kusenokuphosakala. Kodwa ndizama ukuLifunda ngokusondeleyo kangako, ndize nje ndilitsho njengokuba Lisitsho. Ndihlale nje kanye neSibhalo, ukuthetha lonto eSiyithethayo.

<sup>15</sup> Kwaye ngoku nje kubi kakhulu, okanye... Mhlawumbi akuyiyo intando yeNkosi, kwaye mhlawumbi yiyo, andazi, ukuba, ndingathanda ukuba nje ndibe neveki emva kweveki kule Ncwadi, ukuhlala nje kanye apha kwaye ndiyikhangele ibamba kanye ibuyela ngaphaya kuDaniyeli, noDaniyeli neZityhilelo, ndize ndiyibophelele kubaprofeti.

<sup>16</sup> Kwaye iLizwi likaThixo lilonke libotshelwe kanye ndawonye. IiNcwadi ezingamashumi amathandathu anesithandathu, ezibhalwe linani lamadoda, amakhulu eminyaka ngokwahlukeneyo, kwaye akukho nanye ephikisanayo nanye, hayi nanye. Nganye yazo igqibelele. Akuzange kubekho nasiqwenga soncwadi esathi sabhalwa njengaYo, kulo lonke ihlabathi.

17 Bebesoloko, kwiminyaka engamawaka amabini, bezama ukuwuguqula uMthandazo weNkosi. Ukufaka igama libe linye kuWo, okanye basuse libe liNye kuWo, ukuwenza ukuba uBengcono. Awunakuyenza nje lonto. Owu, Ligqibelele. LiLizwi likaThixo.

18 Kwaye ndiyakholwa i—iBhayibhile iliLizwi likaThixo eliphfumlelweyo. Lonke iLizwi laYo liphefumlelwe. Andikholwa ukuba *oku* nje akuphenakuphefumlelwanga, kwaye *oku* ku, *nokuya* ku. Ndiyakholwa ukuba lonke Liphefumlelwe. Lisenokuba lonke lilungile okanye lonke alilunganga; kwaye ukuba Lonke lixutyiwe, ngoko asazi ukuba masenze ntoni na. Kodwa Li, yonke indawana, yiNyaniso. Ndikulungele ukunikela ubomi bam nangawuphi na umzuzwana ngenxa yaloo nto u-ITSHO INKOSI ayiyo apha.

19 Ngoku, ngoku bona nje bano bubusuku bumbalwa. Kwaye, kakade, siyakuba nenkonzo yangoMgqibelo ngokuhlwa, siqhubele kanye phambili nje ngokufanayo, yokuba ne . . .

20 Abanye babantu benkonzo bathi baya ku . . . ukubamdaka, ukuba beze enkonzweni ngeCawe kusasa, okokuba abanye babo bathi baya kuhlala ngoMgqibelo ebusuku, emva kwenkonzo, nokunceda ekucoeni inkonzo ukuze abantu bangabi nakuza ngentsasa yangeCawe, okanye i . . . okanye bebengayi kufuneka basebenze ngeCawe, uku—ukufumana ukulungisa inkonzo. Asi . . . Sifuna . . . AndingomSabatha, kodwa nangoko ndiyathanda ukulihlonipha u—unqulo ngokusondeleyo kangangoko ndinokuba nako.

21 Kwaye ngoku, ngoko, ndicinga ukuba ndiyakwazisa ngomso ngokuhlwa, mhlawumbi, ukuba iNkosi ithandle, into esiya kuthetha ngayo ngokuhlwa kwangoMgqibelo.

22 Ngoku, ngokuhlwanje lu: *Uphawu Lwerhamncwa*. Kuze ngomso ngokuhlwa: *ITywina LikaThixo*. Yeyona mibini ikakhulu e . . . ndiyaqikelela, eyona mixholo ibalulekileyo ekufuneka kuthethwe ngayo kulo mhla, kuba ndiyakholwa ngenene ukuba siphila kwixesha lolu phando lomgwebo kaThixo. Ndiyakholwa ukuba sikuwo kanye umhla wawo. Kwaye asifuni ukuba ngqongqo. Asifuni ukuba ngabayibaxayo. Sifuna nje ukusondela kulo sisezingqondweni kanye njengokuba iBhayibhile iyakulithetha apha; kwaye Oko kugqibelele, kakade.

23 Kwaye ngoku ekwenzeni oku, siva abantu abaninzi kakhulu, namhlanje, bethetha malunga nophawu lwerhamncwa. Nikuvile ixesha elide, “Into eliyiyo? Ngubani olenzayo? Phi? Ngubani oya kuba nalo? Kwaye ukuba banalo, yintoni—yintoni eliyakuyenza kubo? Yintoni? Yintoni? Enokukwenzakalisa na? Ingaba kukho—ingaba kukho ingozi kulo?”

24 Ke, ngoku, yiloo nto esi—esifuna ukuyifumanisa ukusuka eLizwini likaThixo, into yokuqala, “Ukuba kukho uphawu lwerhamncwa ekuthethwa ngalo eBhayibhileni?” Kwaye into

elandelayo, “Ingaba sesiphi isigaba elibalelwa kuso? Kwaye ngabaphi abantu abaya kuba nalo? Kwaye yintoni eniyakuyenza? Ingaba ninokuba nalo nize ningayazi lonto?” Na njalo njalo, leyo, nje loo mibuzo ngolo hlobo. Ke, ngolona lwazi lungcono lwam, ukuba—ukuba le iya kuba yeyona mixholo mibini ibalulekileyo leyo endinokucinga ngayo eBhayibhileni, *Uphawu Lwerhamncwa*, kunye *NeTywina LikaThixo*.

<sup>25</sup> Ngoku, okokuqala, ndineSibhalo apha ukubonisa ukuba . . . okanye ndisibhalile nje, nje ke ukuze ndityhile Kuso, kwaye lowo ngoNgcwele . . . Indawo yokuqala, makhe sibone ukuba uphawu lwerhamncwa luyintoni na, kwaye, “Ingaba kuyingozi ukuba nolu phawu? Ingaba kunjalo?” Ngoku kwiZityhilelo, isahluko se-14 kunye nomqolo we-9, lo ngumyalezo wesithunywa sesithathu. Ngoku, nawuphi na umfundi weBhayibhile . . .

<sup>26</sup> Ndibona uMzalwana uStanley apha, nabanye ababini okanye abathathu abalungiseleli abahleliyo apha ngoku. Kwaye kubusuku obugqithileyo bekukho abazalwana abathile apha abavela kwiziko lemfundo lamaBhaptizi eLouisville, kwaye mhlawumbi kukho abanye ngokuhlwanje. Andazi. Kwaye mhlawumbi kukho amaWisile, amaBhaptizi, amaKatolika, kwaye kusenokuba kukho nomYuda Wesithethe. Andazi. Kodwa akunjalo . . .

<sup>27</sup> Oku asikokwenzakalisa iimvakalelo zakhe nawuphi umntu; hayi konke konke. Kwaye kungenxa nje . . . Nje ngendlela iBhayibhile ebhalwe ngayo, ukuYifunda, kwaye akuvumele uYikhangele, ngokwakho. Kwaye makhe sisondele kuYo nje ngokuchubekileyo njengoko sisazi ngako, ngoloyiko lukaThixo, sisazi ukuba Uyakusigweba ngenxa yamazwi ethu. Amazwi ethu aya kususikelela okanye asigwebe ngoMhla woMgwebo.

<sup>28</sup> Kwaye ukuba ndiziva ukuba ndazi into ethile, ndize ndiyifihle, ngoko uThixo uya kundenza ndihlawule ngayo ngoMhla woMgwebo; kwaye imiphefumlo ngezandla zayo, isithi, “Mzalwana uBranham, ukuba kuphela wawusixelele, besingekhe sibe kule meko namhlanje.”

<sup>29</sup> Ndifuna ukuma njengoPawulos wakudala, “Ndikhululekile kulo lonke igazi labantu. Kuba andizange ndikubalekele ukunityela lonke icebo likaThixo.” Kunjalo oko, kanye njengokuba ndikubona Oko; kwaye ukuba ndiyaphosisa, ngoko Thixo ndixolele. Ezi zinto azizange zize . . . Andizange ndiye nakwesiphi na isikolo sakwalizwi, andizange ndiye nakwesiphi na isikolo, andizange ndithabathe lizwi lakhe nawuphi na umntu malunga naLo. Ndaya kanye ngqo eBhayibhileni, ngomthandazo. Kwaye oku kutyhilwe ngobuNgcwele nguMoya oyiNgcwele, kwayona le Ngelosi inye kaThixo leyo endalathisayo ukuba ndibone imibono na njalo njalo, nokuphiliswa kwabagulayo. Kwaye usenokugweba ngaloo nto ukuba iyakuba yinyani na okanye hayi.

<sup>30</sup> Ngoku, lo ngumyalezo wengelosi yesithathu, kwihlabathi. Kwaye uyazi ukuba yintoni, umyalezo wengelosi yesithathu, uyaphuma kanye ngoku ngalo mhla. Oku kukubhabha komyalezo wengelosi yesithathu, ukuba ungumfundi weBhayibhile.

<sup>31</sup> Kwabakho ooyeha abathathu abawulandelayo. Owokuqala wenzeka kwiMfazwe yeHlabathi yoKuqala. Owesibini wenzeka kwiMfazwe yeSibini yeHlabathi. Niyabona ukuba singena kwintoni ngoku. Konke kulungile. Sisekupheleni kwendlela.

<sup>32</sup> Ngoku makhe sikufake oku ezingqondweni zethu, nje phambi kokuba sifunde iSibhalo. Ngokwendawo, sinyanzelekile ukuba sibe sikwisigaba sesiphelo. Kuya kuba lixesha elingakanani? Andazi; akukho namnye waziyo.

<sup>33</sup> Kodwa, khangela, makhe sikuthabathe ngokokuthetha kwezembali. Iminyaka engamawaka amabini yokuqala, ulungelelwano lwehlabathi lwafika kuvutho ndaba, waza uThixo walitshabalalisa ihlabathi ngamanzi. Niyakwazi oko? Ngoko lweza njengehlabathi elitsha. Kwaye kumawaka amabini esibini eminyaka, yafikelela esiphelweni sayo kwakhona, waza uThixo wathumela uYesu. Ingaba oko kulungile? Esi sisiphelo seminyaka engamawaka amabini elandelayo, ngowe-1954. “Kwaye iVangeli,” UYesu wathi, “umsebenzi uya kwenziwa mfutshane,” (Ngenxa yantoni?) “ngenxa yabanyuliweyo, okanye bekungekho nyama iya kusindiswa,” ibiya kube ingendawo ngolona hlobo. Ke sisekupheleni kwexesha. Kwaye ngoko isixhenxe, ngokomfuziselo, yiNkulungwana, iwaka leminyaka.

<sup>34</sup> Njengoko uThixo wabulaleka iminyaka engamawaka amathandathu, siyazi ukuba iwaka leminyaka... “Imini enye eZulwini yiminyaka eliwaka emhlabeni,” UPetros wesibini. Yabona? Ngoku, kwaye uThixo walakha ihlabathi kumawaka amathandathu eminyaka. Kwaye iBandla labulaleka ngokuchasene nesono ngoku iminyaka engamawaka amathandathu. Kwaye amawaka asixhenxe, uThixo waya kuphumlo, waza waphumla ngowesixhenxe; kwaye ngoku umfuziselo weNkulungwana, iBandla ukuba liphile apha emhlabeni, kanye apha likwimo yomzimba, iminyaka eliwaka, ngaphandle kokugula, usizi, inkathazo, okanye ukufa. Eso sikhulu, isigaba segolide esizayo ngoku! Owu, ngenxa yoko! Owu, ndiyalithanda ela culo:

Umhlaba uyancwina, ulilela imini  
yokukhululwa okumnandi,  
Xana uYesu eya kubuyela emhlabeni  
kwakhona.

Ndiyakuthanda oko.

Isono nosizi, intlungu nokufa kweli hlabathi  
lobumnyama kuya kupheza,

Kulawulo oluzukileyo noYesu lweminyaka  
eliwaka yoxolo.

IBhayibhile yathi, “Balawula baza babusa kunye noKristu iminyaka eliwaka,” iMillennium.

Ngoku, lo myalezo wengelosi yesithathu, kanye nje phambi koKuzi kweNkosi, xana iTywina nophawu zabekwayo. Ngoku, kuyakubakho uqokelelo olukhulu, uqokelelo.

<sup>35</sup> Ngaphandle eNtshona, xana siphumayo, ndandidla ngoku, ndine kususela ndiseyinkwenkwe, ndiphume ndiye kuqokelelo lweNtwasahlobo kunye noqokelelo lweKwindla, ndiphume ndiye ezintabeni ndize ndiqhubele iinkomo ezantsi. Kwaye emva kokuba sifumane zonke iinkomo esinokuzifumana, ukuphuma kuyo yonke indawo, ngoko sikhethe zonke ezi- . . . ezo ezingezizo ezethu. Ezithwele uphawu lwethu, kwaye ziphawuliwe. Kwaye ukuba wakha . . .

<sup>36</sup> Ingaba ukho nabani na owakha wababona bephawula iinkomo? Yinto ebuhlungu ukubabukela bephawula iinkomo. Bendidla ngokuvelana nenkomo. Kwaye yimbhutyulela egulisayo neyoyikekayo xana uqala ukuphawula inkomo. Ukutshisa intsimbi yokuphawula yayidla ngokuba ngumsebenzi wam, ukuthwala intsimbi. Kwaye ndiyibeke kwinkatyana eselula ilele phaya, namanqina ayo ebotshiwe; ndize ndibeke loo ntsimbi yokuphawula kuyo, buze uboya nenyama ziqhotseke; ndiphose itiyela phezu kwayo, ndize ndiyikhulule. Kwaye thetha malunga nokuhamba! Iya hamba ngenene. Kodwa, khangela, iphawuliwe.

<sup>37</sup> Kwaye yiloo ndlela uThixo asenza ngayo nathi. Kufuneka uhle uye esiguqweni ubotshwe okwehagu, kube kanye ethubeni. Kodwa, mzalwana, xana uMoya oyiNgcwele wakha walibeka uphawu kuwe, usenokwenza ukubaleka okuthile nokukhwaza, kodwa uphawuliwe. Kunjalo oko. Uphaya. Xana uMphathi edlula, Uyakwazi ukuba ungowaphi.

Kodwa, owu, kulaa nyaka ulahlekileyo, laa mfo lowo ugwetyiweyo wabuyiselwa emva phakathi kwi—kwindawo ekhethekileyo entlango.

<sup>38</sup> Ngoku, ixesha lokuphawula. Kwaye ngoku kuyakubakho abakhweli ababini kuphela koku, abo kuyakuba nguThixo noSathana. USathana uyakuthabatha abakhe, kwaye noThixo uyakuthabatha aBakhe. Ngokuhlwanje siya kubona ukuba ngubani onxibe uphawu lukaSathana, kwaye ngomso ngokuhlwa siyakubona ukuba ngubani onxibe uphawu lukaThixo, ngokweLizwi likaThixo.

<sup>39</sup> Ngoku apha ngumyalezo wesithunywa, umqolo we-9 wesahluko se-14. Sifunde ezimbalwa zezi Zibhalo apha, endizibhalileyo. “Saza isithunywa . . .”

*Saza esesithathu isithunywa sazilandela, sisithi ngezwi elikhulu, Ukuba ubani unqula irhamncwa nomfanekiselo walo, nokwamkela uphawu lwalo ebunzini lakhe, okanye . . . esandleni,*

*Yena lowo uyakusela kwiwayini yengqumbo kaThixo, egalelwe ngaphandle kokuxutywa endebeni yokubhavuma kwakhe; kwaye . . . baya kuthuthunjiswa ngomlilo onesibabile kubukho bezithunywa ezingcwele, nakubukho beMvana:*

<sup>40</sup> Ngokuqinisekileyo awufuni nto yakwenza naloo nto! Khangela.

*Kwaye umsi wentuthumbo yabo wenyukela phezulu ngonaphakade kanaphakade: kwaye abanaluxolo imini nobusuku, abo balinqulayo irhamncwa kunye nomfanekiso walo, nabani na othe walamkela uphawu lwegama lalo.*

<sup>41</sup> Andifuni kwanto yakwenza naloo nto, ndiqinisekile. Ehe. Phulaphulani kumqolo olandelayo, ngelithuba ndikhangele kuwo.

*Nalu unyamezelo lwabangcwele: apha ngabo abo abayigcinayo imiyalelo kaThixo, kwaye bekholwa kuYesu Kristu.*

<sup>42</sup> Ngoku isahluko se-15, kunye nomqolo we-2. Kwaye i . . . Phulaphulani ngoku, kwisahluko se-15 nomqolo we-2. Ngoku, besifunda ngoko ukusuka kowe-14, nomqolo we-9. Ngoku ese-15, nomqolo we-2.

*Saza esokuqala saphuma, sayithulula ingqayi yaso phezu komhlaba; kwaza kwabakho ukuwa kwe ngxolo ethile . . . nezilonda ezibuhlungu phezu . . . kwabantu abanophawu lwerhamncwa, naphezu kwabo bawunqulayo umfanekiso walo.*

Isahluko se-16 kunye nomqolo we-2.

*Kwaye nookumkani bomhlaba bahenyuzile naye, kwaye nabo bahleliyo emhlabeni baye benziwa banxila yiwayini yengqumbo yobuhenyu.*

<sup>43</sup> Nje umzuzu. Ndixoleleni. Ndityhile, kufuneka ndizityhile zombini ngaxesha nye. Kulungile. Ngoku isahluko sama-20 kunye nomqolo we-4. Kulungile, naku apho sikhoyo.

*Ndaza ndabona iitrone, nabahleliyo phaya phezu kwazo, nomgwebo wanikelwa kubo: ndaza ndabona imiphfumlo yabo ababengunyulwe iintloko ngenxa yobungqina bukaYesu Kristu, nangenxa yelizwi likaThixo, abo abangazange balinqule irhamncwa, nomfanekiso walo, bengalwamkelanga nophawu phezu kwamabunzi abo, okanye esandleni sabo; baza badla*



*ubomi kwaye balawula kunye noKristu iminyaka eliwaka.*

44 Awunakwamkela uphawu lwerhamncwa kwaye ngoko unqule uKristu okanye ube naYe. “Kodwa nabani na oya kunqula irhamncwa okanye umfanekiso werhamncwa, baya kuthuthunjiswa phambi koThixo nakubukho bezithunywa ezingwele.” Yiloo nto iNkosi eyitshoyo malunga nalonto.

45 Ngoku sesiya kuqalisa. Tyhila eBhayibhileni yakho ngoku kwisahluko se-13 seSityhilelo, kwaye siya kuqalisa nje kwimizuzwana embalwa. Ngoku oku kubaluleke kakhulu. Kwaye phulaphulani ngenyameko ngoku.

46 Okokuqala, sifuna ukuthabatha umxholo wethu ukusuka kubusuku obugqithileyo. kubusuku obugqithileyo sithabathe kwizigaba zebandla, ukuba, indlela leyo esambona ngayo uYesu emi kwiBandla Lakhe, “Ethetha njengesandi samanzi amaninzi; kwaye Wayenenwele ezinjengoboya; amehlo engathi ngamadangatye omlilo.”

47 Khumbulani, sonke i—iSityhilelo ngumbono, kunye nomfuziselo. Konke oko kunento okuyithethayo, ke kufuneka ukhangele ngenyameko. Fundani abaprofeti, nibone ukuba imifuziselo ithetha ntoni na, ngoko kuthlekise nangapha ukuze wazi ukuba yintoni imifuziselo eneneni eyithethayo.

48 “Enamehlo angathi ngamalangatye omlilo,” ebaleka ukuya phambili nasemva emhlabeni wonke. Kwaye siyesafumanisa ukuba loo malangatye, anje... “Ngamakrele, ikrele laphuma emlonyeni Wakhe, kwaye ilikrele elintlangothi mbini,” saze safumanisa ukuba elo yayiliLizwi likaThixo elaphuma emlonyeni weBandla. “Kwaye Beliya kunqumla lide lifike emongweni wethambo, nomcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo,” AmaHebhere isahluko se-4.

49 Sifumene iBandla limi phaya ebuhleni baLo; uKristu nje ebunjelwe kuLo! Kwaye iBandla lalinxibe “ingubo” emhlophe. Kwaye niqaphele, yaYingumfazi, “ukujikela kumabele,” Lalinengubo egqubuthela ihlazo Lakhe; kwaye waye no “mbhinqo wegolide” utsaliwe ukumjikeleza, lowo owawubambile ukujikeleza amabele. “Mhlophe,” othetha ngobulungisa bukaKristu; kunye no “mbhinqo wegolide” omele iVangeli. Ukushunyayelwa kweVangeli kuzisa uMoya oyiNgcwele phezu kweBandla, ubulungisa bukaKristu; buwubambe kanye phaya, buwubophe ngomtya, umbhinqo womtya.

50 Ngoko Wayemi phezu, “iinyawo zifana nobhedu, olo obelutshiswe eziko.” Ubhedu luthetha ngomgwebo oNgcwele. Kwaye uThixo, akholise isifungo Sakhe esikhulu eso Awasenzayo, Wathumela uKristu, waza uKristu wawuhlawula umgwebo oNgcwele. Kwaye ngoko iBandla lisekelwe phezu komgwebo oNgcwele, uKristu emi endaweni Yalo. Onjani

wona ukuba mhle umfanekiso, “Emi kwiziPhatho zeZibani eziSixhenxe zeGolide!”

<sup>51</sup> Kwaye ngoko sifumanisa ukuba isigaba sokuqala sebandla, into ababenayo. Bangaphi ebebelapha kubusuku obugqithileyo? Makhe sibone isandla sakho. Kulungile, oko kulungile. Isigaba sokuqala sebandla, sifumanisa ukuba, kwiSigaba seBandla lase-Efese, babenobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye babebhaptiza abantu emanzini, kwaye babenazo i...Zonke iintlobo zemiqondiso nezimanga ezaziyakuphelekana nekhulwa.

<sup>52</sup> Kwaye ngendlela, kuso sonke isigaba sebandla, Yaqalisa ukufiphala. Umjikelo wesibini, umjikelo wesithathu, ngoko kuso sonke isigaba sobumnyama. Kwaye baphuma negama lobuxoki, nobhaptizo lobuxoki, kokubini olwamanzi noMoya oyiNgcwele.

<sup>53</sup> Kwaye ngoko behla njalo ukuya phambili, kwisigaba esilandelayo, baze bakhanyisa kancinane. Kwaye ngoko phaya kwakukho ucango olumisiweyo, ukuze luvulwe, phakathi kweFiladelfiya neSigaba seBandla laseLawodike.

<sup>54</sup> Kwaye ngoko iLawodike yaba dikidiki yaza yaphuma ukusuka kuYo yonke loo nto, wada uThixo wayitsica ukuphuma emlonyeni Wakhe. Kunjalo oko. Eso siSibhalo.

<sup>55</sup> Kwaye wonke umbhalimbali nalo lonke ikholwa loqobo liyazi ukuba ezo Zigaba ziSixhenxe zeBandla, okanye “Iziphatho zeZibane zeGolide eziSixhenxe,” njengokuba iBhayibhile yatshoyo, yayiziZigaba eziSixhenxe zeBandla. NjengeTestamente eNdala ifanekisela eNtsha apha, kwaye kanye njengokuba yaphumayo.

<sup>56</sup> Kodwa kuyakubakho ukushukumisa okukhulu kunye nemvuselelo nje phambi kokuvala kwesigaba sexesha leNtlanga, ngaphambi kokuba amaYuda aYichole kwakhona.

<sup>57</sup> Khumbulani, iNtlanga zisikelwe umda, nesixa sexesha lobabalo. IBhayibhile yathi, “Zaziya kuzinyathela phantsi iindonga zeYerusalem,” uYesu wathi, “side isigaba sexesha leNtlanga sibe siphelile.” Kunjalo oko. Sinexesha elimisiweyo lokugqiba.

<sup>58</sup> Kwaye sifumanisa ukuba izinto ezo ababezenza emva phaya. Siqaphela ukuba imiqondiso nezimanga ezo ezazihamba nabo, indlela uKristu awabaxelela ngayo ukuba zazimangalisa kangakanani na, nendlela azazingayo. Ngoko ukuKhanya kwaqalisa ukufiphala ngokufiphala, kwaphuma. Kwaye ngoko nje kanye ekuvaleni, yayiyakuba lolunye ucango oluvuliweyo lwamiswa ukwenzela iBandla. Ngoku makhe sime kanye apha phambi kokuba singene kulo. Qaphela, makhe sithabathe esinye isiprofeto esiza engqondweni yam. Umprofeti wathi, “Kuya kubakho imini xana ingasayi kuba bubusuku okanye imini.”

<sup>59</sup> Ingaba ndivakala kakhulu? [Ibandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ukuba unako, ungacutha loo nto kancinci...Ndiyazi ukuba

iyaphinda phinda, kwaye eso sisizathu sokuba ndithethele phezulu ngokuthe chatha, ukuze abantu abasemva baqiniseke ukuba bayakuva. Ngokuba, Oku kubaluleke kakhulu.

<sup>60</sup> “Kwaye kuya kubakho ixesha, usuku,” umprofeti watsho, “olungayi kuba busuku okanye imini.” Ngamanye amazwi, kuyakuba kukukhanya, kodwa luyakusibekela, yabona, imini esibekeleyo. “Kodwa ngelixa langokuhlwa kuyakubakho ukuKhanya.” Onjani wona ukuba mhle umfanekiso!

<sup>61</sup> Ngoku, xana kuthi qheke ukusa ngolu suku lusibekeleyo, oko kuthetha ukuba kuya kubakho iimfazwe, neenkathazo, namahla-ndinyuka, namaxesha ezigaba, namabandla, nee-isms, nayo yonke into. Akuyi kuba kukukhanya okanye ubumnyama. Kuyakuba lixesha lokuba sazi ukuba kukho uThixo, kwaye kukho iVangeli, kodwa nje ngokulula abanako ukubona ngaYo. Uyazi ukuba ndithetha ntoni? Baya kuthi, “IBhayibhile yathi bakwenza *oko* emva phaya ngePentekoste, babesenza *oko* kwiBandla lokuqala, babenayo le miqondiso nezimanga, kodwa elethu—elethu ibandla alikufundisi Oko.” Yabona, kukho amafu, akumnyama kungemini. “Kodwa, nangoko, siyakholwa kuYesu Kristu. Siyakholwa ekuBuyeni Kwakhe okwesibini, kwaye siyazi ukuba Uyeza.”

<sup>62</sup> IBhayibhile yathi, “Ayiyi kuba kukukhanya okanye ubumnyama.” Awunakuyibiza ngokuba yimini, kwaye awunako ukuyibiza ngobusuku. Kodwa, qaphela, “Ngelixa langokuhlwa kuyakubakho ukuKhanya,” ngelixa langokuhlwa!

<sup>63</sup> Xana abantu basempuma... Le Newadi yiNewadi yasempuma; iBhayibhile yiyo. Xana ukuKhanya kwaqalayo ukuphuma kwiBandla lakuqala, e-Efese, ke, siyakhumbula saza sabona ukuba yintoni eyenzekayo phaya; ukuKhanya kukaThixo kuzisiwe ngoYesu Kristu, ngokuthululwa kokuqala koMoya oyiNgcwele. Yanika ukuKhanya kulo lonke ihlabathi, kwaye wabhala iBhayibhile. Ingaba oko kunjalo?

<sup>64</sup> Ngoku Wathembisa, kwihlabathi lasentshona, ilanga liphuma empuma, ekuqaleni kwexesha lesigaba sobabalo, kwaye ngoku ilanga litsihona entshona, kubantu basentshona. Singabantu basentshona. Kwaye Wathembisa ukuba kuyakubakho imvuselelo kwaye kuyakubakho ukuKhanya ngelixa langokuhlwa. Silapha. UkuKhanya kuyakhanya, “kwaye ubumnyama abuKugqalanga.” Yiyo leyo. “Abantu bathanda izenzo ezimbi ngaphezu kokuba besenza kwezilungileyo.”

<sup>65</sup> Kodwa nje kuzilungiselela ukuwela ngaphaya kumphezulu ngaphesheya. Kwaye okukuKhanya kuncinane esinako, bambelela kuKo. Khangela, isekwalelo langa linye elo elaphuma ngaphaya kumaYuda, liyatshona apha kwiiNtlanga. Kuso sonke isigaba apha, kule minyaka ingamawaka mabini, babenoku,

*nokuya*, nemibutho nezigaba zexesha, *noku nokuya*. Kwaye abantu abazazi apho bemi khona.

<sup>66</sup> Kodwa iBhayibhile yathembisa, uThixo wenza, ngomprofeti, ukuba, “Ngelixa langokuhlwa kuya kubakho ukuKhanya.” Kuyakubakho ukuKhanya ngelixa langokuhlwa. Ndiyakholwa ukuba silapha. Ilanga liyatshona. Yonke imvelo iyancwina, ililela loo mhla. Qaphela.

<sup>67</sup> Ngoku sifumanisa ukuba, ukuba, lonto ababenayo phaya kwisigaba sokuqala sebandla, babenemfundiso engaqhelekanga. Into yokuqala, yaba nje yethile “imisebenzi.” Wathi, “Uyithiyile imisebenzi yamaNikolawo.”

<sup>68</sup> Ndiyazibuza ukuba ayeyintoni amaNikolawo? Ndihambe kuko konke oko, nakwimbali iphela, ngokuphindaphindiweyo, nangezona nkcazo zingcono endinokuzifumana, kwaye akukho mntu unokwazi, ngaphandle kokuba leyo yayiyimfundiso eyaqalwa yindoda, uNic, uNicolas, owayefanele ukuba ngomnye wabapostile abo ababaluhlobo olwaphambukayo. Wammisela invumo nkolo, okanye into ethile eyenye, kwaye ukusuka phaya kwaqalisa amaNikolawo. Yayiyimisebenzi, kuqala. Kwaye yayiyintoni “imisebenzi” e-Efese, kwisigaba esilandelayo sebandla yaba yi “mfundiso.” Kwaye ngoko yayongena kwizigaba zobumnyama zentshutshiso.

<sup>69</sup> Ngoku kwaloo mfundiso inye yamaNikolawo leyo eyaqala apha kwibandla lokuqala, emva kwemijikelo emithathu okanye emine yokuqala yabapostile, yaba ngumsebenzi. Baqalisa ukucinga, “Ke, *le iyakuba yiYo.*” Ngoku nonke niyayazi ukuba iphume njani na, nani bafundi beBhayibhile.

<sup>70</sup> Ngoku, yaqalisa malunga ne-A.D. 600 kwaye...okanye 306, lonto abayibiza ngokuba yinguquko kaConstantine. Akazange aguquke. Umfo owayenokwenza izinto ezingcolileyo ezo loo ndoda yazenayo, akazange aguquke. Kunjalo oko. Inye kuphela into awakha wayenza, leyo yayinalo naluphi—naluphi na unqulo kuyo konke konke, wabeka umnqamlezo phezu kwecawa kaSofiya oNgcwele. Yayingeyonto ithile leyo, yokuya eZulwini? Konke kulungile. Waxelela amaKristu, ukuba wayenokuphumelela kuloo mfazwe, wayeya kuba ngumKristu. Kwaye bathandaza. Waza waphuma wayiphumelela imfazwe, okanye waphumelela idabi, waza wabuya kwaye wathi, “Ke, ndiya kuzimanya nebandla.” Owona mzekelo mhle kakhulu welungu lecawe elidikidiki namhlanje. Kunjalo oko. Wabeka umnqamlezo phezu kwecawe.

<sup>71</sup> Emva kokufa kwakhe...Wayenoonnyana ababini, oonyana abathathu; UConstantine, uConstantius, noConstans-tinople, ntoleyo eyathi yaqala ukwenza impuma nentshona yeRoma, baza bohluhana. Kwaye phaya, ngoko, baba buBukhosi base-Ottoman, kanye ngelo xesha.

<sup>72</sup> Kwaye ngoko, bona, malunga nomjikelo wesibini, okanye owesithathu, umjikelo wesine wabapostile; kwaye ngoko, into yokuqala uyazi, baqalisa ukuxambulisa omnye komnye. Kwaye bohluhana, i-ism encinci.

<sup>73</sup> Wonke umntu, uthabatha ibandla...Phaya, xana elaa bandla leMethodist kaWesley lalisemandleni, lalinamandla xana uJohn Wesley wayelapha. AmaLuthere ayenjalo, ngomhla wawo; naye wonke ubani. Kodwa makhe nje umseki afe, kube kanye, kwaye ngoko bayaphambuka.

<sup>74</sup> Xana iNkosi yabonakalayo kuqala emva ngaphaya; xana babefuna mna ukuba ndiqalise, ndenze umbutho koKu, njalo njalo ngolu hlobo. Ndenyukela apha, ndaza ndabona apho uDwight Moody, umseki omkhulu, iMoody Bible Institute. Kwaye ndacinga, "Ukuba uDwight Moody ukuba ubenokukhangela kweli Ziko leBhayibhile; lonto loo ndoda eyayimelayo, nalonto abayenzayo ngoku!"

<sup>75</sup> Ke, ndathi, "Khangelani apha, khangelana, bekuyakuthini ukuba—bekuyakuthini ukuba uWesley, uCalvin, uKnox, uFinney, uSankey, okanye uFinney, nabani na kubo, ubenokuvuka namhlanje, baze babone ibandla labo apho likhoyo!" Owu, bethu! Yabona, umjikelo wokuqala, xana indoda imi phaya, ibambe iNyaniso.

<sup>76</sup> Khangela kuGqr. uDowie kwisiXeko saseZiyon, ngokuba, namhlanje, bahleka ebusweni bempiliso eNgcwele, xana i—isixeko sasisekelwe phezu kwayo. Kodwa xana uDowie esifa, ngoko kwavela ntoni...uBlake, uJohn Lake kunye nabo bonke. Ngoko, into yokuqala uyazi, wajikeleza ngoku de i-Assemblies of God yangena kulonto, kunye negquba elikhulu labahlelekileyo nayo yonke into. Kwaye i—ibandla limkile labuyela umva, kwaye likwimeko eyoyikekayo.

<sup>77</sup> Ke ndifumene oku, iBhayibhile yathi, "UDavide wayikhonza kakuhle iNkosi kwisizukulwana sakhe."

<sup>78</sup> Ke ndathi, "Nkosi, andifuni kwa mbutho. Ndivumele ndiKukhonze ngentliziyo yam yonke, ngeli thuba ndiselapha ndisidla ubomi." Kunjalo oko. "Okulandelayo, Uyakuba nenye indoda xana ndihambile. Uya kuba nomntu othile oyakuthabatha indawo yakhe." Kuphelele apho.

<sup>79</sup> Musa ukuzama ukwakha phezu kwezinye. Awunako ukuwubasa umlilo kumhlaba omnye. USirayeli kwafuneka ukuba aqhubeke nohambo. Xana besima, bakreqa. Kwafuneka ukuba baqhubeke behamba busuku ngabunye; babase umlilo omtsha busuku ngabunye; nje baqhubeke ukuya phambili. Kwaye yiloo nto esifanele ukuba siyenze. Lonto uLuther wayenayo yayilungile; leyo yayi yeyomhla kaLuther. Lonto uWesley wayenayo yayilungile; leyo yayi yeyomhla kaWesley. Lonto abobungwele babenayo, leyo yayi lungile; lowo yayingumhla wabo. Siphila komnye umhla. Ngoku siya—

siyaqhubeka ukuya phambili. Kwaye ukuba kukho umhla emva kwethu, uyakufika nje ngokufanayo. Kodwa makhe sihambeni ekuKhanyeni ngeli thuba ukuKhanya kulapha.

<sup>80</sup> Ngoku, kwaye ndiqaphela oku, ukuba, phaya le mfundiso yaba, into yokuqala uyazi, yada yaqhekeka yaba ligquba lee-isms, ngoko amaRoma aguquka. Ngoku, ubukhosi baseRoma, ukusukela kwimihla ye—yeRoma eyaqala yathabatha indawo yaphumelela ihlabathi leeNtlanga ukusuka eGreece, emva kokuwa kuka-Alexander Omkhulu, luye lwaba luhlanga olongameleyo lwehlabathi; abantu baseRoma, isigaba seNtlanga. UDaniyeli watsho njalo, embonweni. Siya kufika oku oko, kwi—kwimizuzu embalwa. Kodwa ebisoloko enamandla alawulayo phezu kwehlabathi; amaRoma.

<sup>81</sup> Kwaye ngoko sifumanisa ukuba phaya, ngoko, ukuba balenza umbutho ibandla. Igquba labantu lahlanganisana, malunga nama-606, baza bazibiza, “oobawo bokuqala,” oobawo bebandla. Amaqela amadoda ahlanganisana aza abamba ibhunga lwento emabayenze, baza baseka umbutho.

<sup>82</sup> Kwaye makhe ndithethe apha, bahlobo bam abathandekayo abangamaKristu, kokubini amaProtestanti namaKatolika. Kwaye ngoku, ndiyaqonda ukuba ndinabahlobo abangamaKatolika abahleli apha; Andikuthethi oku ukwenzakalisa iimvakalelo zenu. Kuba, bambelalani nje imizuzu embalwa, kwaye sizakungena kuwo uMnquba kaBranham ngokunjalo, yabona, umzuzu nje. Kufuneka kuphela sishumayeleye iVangeli njengoko Ibekiwe apha. Akukhathaliseki nalapho...uYohane wathi, “Izembe lalibekiwe engcanjini yomthi,” yeka amasuntsu abhabhele naphi na apho anqwenela khona. Kunjalo oko. Kumele agawule imithi kunye nezinto.

<sup>83</sup> Kodwa, khangela, phaya benza ibandla lokuqala umbutho. Kwaye bahlanganisana kunye baza balenza umbutho ibandla lokuqala, elalibizwa ngokuba libandla lehlabathi jikelele, okanye icawa yamaKatolika eRoma. Kwaye amaKatolika athi wona “ayicawa engumama.” Kwaye leyo ngokuchanekileyo yinyaniso. Lingumama olibandla lombutho. Ngokuchanekileyo. Lityeli lokuqala, kuyo yonke imbali yehlabathi, ukuba kwakha kwakho ibandla elingumbutho; alizange libekho, kususela ekuqaleni kwexesha.

<sup>84</sup> Ukusukela kwimihla kaSirayeli, babengengu—babengenguwo umbutho. Babeluhlanga, hayi umbutho. Kwaye bona...uYesu Kristu akazange alenze umbutho ibandla. Akukho namnye wabapostile owakha walenza umbutho ibandla. Kwaye akubanga naxesha ukhula, emva kwesithathu okanye ezine izizukulwana emva kwabo, apho bakha balenza umbutho ibandla. Ndifuna ukuba uze nembali kwaye ubeke umnwe wakho kwi...undiBonise apho ukhoyo. Kwaye ndifunde uJosephus nabo bonke abona babhalimbali babalaseleyo esinabo

ehlabathini namhlanje, abo endaziyo ngabo, kuba ndimelwe kukuba ndiqiniseke. Ndenza lengxelo phambi kwamawaka abantu; kufuneka ukuba ukwazi ukuyixhasa kwaye ungqine loo nto uthetha malunga nayo. Kunjalo oko. Akuzange kwabakho umbutho. Kwaye hayi. . .

<sup>85</sup> Kwaye uPetros oNgcwele akazange aseke ibandla lamaKatolika. Ndifuna imbali enye, okanye isuntswana elinye leSibhalo. UPetros oNgcwele wayeyindoda etshatileyo. Nathi wayengupopu. Wayengenakuba ngupopu. UPetros wayeyindoda etshatileyo. IBhayibhile yathi, “Umama womfazi wakhe wayelele egula ngu—ngumkhuhlane, waza uYesu wamphilisa.” Kwaye ngokokwazi kwam, uPetros oNgcwele akazange abe seRoma. Kwaye akukho mbali leyo yakha yabonisa ukuba wayeseRoma. Kwaye leyo yimpazamo.

<sup>86</sup> Kodwa benza umbutho baza bamisa kunye ibandla elibizwa ngokuba libandla lehlabathi jikelele. Phaya benza umthandazo wehlabathi lonke. Babenemvisiswano egqibeleleyo; wonke umntu kwafuneka ukuba babe kunye, wonke umntu athethe into efanayo. Umthandazo ofanayo watshiwo.

<sup>87</sup> Kwaye benza igquba leSibhalo, belithabatha ukusuka eBhayibhileni, uninzi lwazo, baza benza nezinye. Akukho ndawo yantlambululo miphefumlo ikhankanyiweyo nakanye kuzo zonke iiNcwadi ezingcwele zeBhayibhile; akukho “aah Mariya,” akukho nto ilolo hlobo. Usoloko uchasene, unxamnye nayo, kuyo yonke indawo eSibhalweni. Awuzange ubekho, nangaliphi na ixesha. Kwaye ukuba ufumana nayiphi na indawo, unenyhweba yokuza ngomso ngokuhlwa uze undilungise. Awukho phaya, naphi na; uze nompristi wakho okanye umalusi. Akukho ndawo, eSibhalweni, apho wakha wakhankanywa khona.

<sup>88</sup> Ekuphela kwencwadi encinane, yeMaccabees, leyo eyongezelelwayo kuLe, engaphembelelekanga; izinto ezafakwayo kuLe, okanye zakhutshwa kuLe. *Le* Bhayibhile yiyo Kuphela. I. . .Iyaqondwa ngabaseki bokuqala, okanye nabaphi na ababhalimbali bebandla lakuqala, okanye naliphi na ixesha lamaYuda Esithethe, kwaye akazange aqonde nto ngaphandle kwale Bhayibhile leyo esinayo namhlanje.

<sup>89</sup> Ngoku, ngoko, kuloo nto, phulaphulani ngenyameko ngoku. Ngoku ucinga ukuba amaKatolika afumana ukubhulwa? Umzuzwana nje, yabona.

<sup>90</sup> Ngoku, bahlanganisana benza umbutho webandla lamaKatolika, baza baqalisa intshutshiso, ukuba bayaku. . . Kwafuneka ukuba wenze wonke umntu, kuyo yonke indawo, ibandla kunye nombuso, zamanywa kunye, kwaye zangeniswa ukusuka kwiRoma yobuhedeni ukuya kwiRoma yobupopu. Ngamanye amazwi, ukusuka kwinkolelo yobuhedeni, bamkela ubuKristu ngendlela eyiyeyabo. Yabona? Babengaqondi ukuba kutheni umntu eyakuma aze athandaze kwinto engekho.

Babengabahedeni, ke basuka nje thabatha nokuhlisa uVenus baza baphakamisa uMariya; behlisa uJupiter, baphakamisa uPetros; uhlobo oluthile lomfanekiso oqingqiweyo ukuze banqule. Ngoku, baza banqula phambi koko. Kwaye benza umthandazo wehlabathi lonke, bawutsho ngesiLatini ukuze ungaze usilele, na njalo njalo, basoloko besitsho into enye.

<sup>91</sup> Kwaye awunakuze uxoxe okanye ubenengxoxo mpikiswano nompristi wamaKatolika, okanye hayi umKatolika, phezu kwesiseko seBhayibhile.

<sup>92</sup> Omnye ubehleli, lo mpristi uselula apha ezantsi, ubehleli endlwini yam kwakutsha nje. Wathi, “Nina maProtestanti, nifunda iBhayibhile nize nihlale ekhaya. Thina maKatolika siya enkonzweni size sinqule.”

Ndathi, “Kodwa yintoni? Yiyo leyo. Ngoku ndiphendule oko.”

Wathi, “UTHixo usebandleni Lakhe.”

<sup>93</sup> Ndathi, “Yena...Akukho nalinye ichaphaza leSibhalo elitsho njalo.” Ndathi, “UTHixo useLizwini Lakhe. Wathi, ‘Makhe lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, lize elaM libe yinyani.’”

<sup>94</sup> Wathi, “Ingaba awucingi ukuba lonke iqela lamadoda, ebhunga kunye, aya kuba negunya ngaphezu nje komntu omnye?”

<sup>95</sup> Ndathi, “Hayi. Ukuba umntu omnye usentandweni kaThixo, uneNyaniso.” Wasoloko ekungqina oko.

<sup>96</sup> NjengakuYohoshafati noMikaya, izifundo nje ebesinazo ngenye imini, kwiCawe ephelileyo, xana uMikaya wenyukela phaya. Kweye abashumayeli abangamakhulu amane bemile, besithi, “Nyuka! INkosi inawe. Nyuka! INkosi inawe.”

Wathi uYehoshafati, “Ingaba akusekho omnye kwakhona apha?”

Wathi, “Kukho uMikaya, kodwa ndimthiyile.”

Wathi, “Makhe sive ukuba uthini na.”

Wathi, “Nyukani, kodwa ndimbonile uSirayeli echithachithekile njengezimvu.”

Wathi, “Andizange ndikuxelele na?” Yabona?

<sup>97</sup> Ke, ngubani owayenyanisile, phaya? Xana amakhulu amane abaprofeti abaqeqeshiweyo bemi phambi kwalo ndoda, kwaye nangoko omnye omncinane omdala orhabaxa umqengqeleki ongwele emi phaya emva enenyaniso. Kunjalo oko. Yinyani leyo. Wakwenza. Wayenyaniso. Waqhwyatya emlonyeni waza wabethwa, phezu kwawo, kodwa wayenayo inyaniso.

<sup>98</sup> Ke akukhathaliseki nokuba bangaphi na abathetha *oku*, okanye bangaphi na abathetha *okuya*, yilonto engu-ITSHO INKOSI. Yinyani leyo. Kuyakufuneka ukuba ume wedwa,



ngamaxesha amaninzi, xana usima phezu kweLizwi likaThixo, kodwa qiniseka ukuba uma nalonto iNkosi eyitshiloyo.

<sup>99</sup> Ngoku, balihlanganisa balenza umbutho eli bandla, umzimba omkhulu, ibandla lamaKatolika, elilelongamele kuzo zonke iinkolo, namhlanje, kwimihlaba yobuKristu, bubuKatolika. Kodwa bathi, “Awudingi... Asenzi njalo...”

<sup>100</sup> Uthi, “Niyifumana phi le ‘yokungaty nyama’? Nikufumana phi ‘ukuba umpristi akatshati’? Nikufumana phi oku?”

<sup>101</sup> Wathi, “Asiyifundisi iBhayibhile.” Wathi, “Ibandla lizwi. Akunamsebenzi nokuba ithini na iBhayibhile; yiloo nto ethethwa libandla.”

<sup>102</sup> Kodwa uThixo wathi, “Makhe lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elaM libe yinyani.” Ngoku kufuneka uthabathe okwakho ukuzikhethela.

<sup>103</sup> Ngoku, obo buNikolawo baba yimfundiso, baza baba yintshutshiso. Ngoku, nantso iphumela apha ngemihla yokugqibela. Ngoko phaya kwafika indawo yokuphumla, kwizigaba zonke zobumnyama nentshutshiso; ngoko phaya kwafika ukuthotywa, kuhlaziyo lokuqala, olwalunguMartin Luther. UMartin Luther waqhankqalaza ngokuchaseneyo nebandla lamaKatolika, ngenxa yokuba waphumela phaya waza wawuthabatha loo mthendeleko...

Kwaye bathi, “Lo ngumzimba kaKristu.”

<sup>104</sup> Wathi, “Ayingomzimba kaKristu. Sisoka esisicaba. Yiloo nto kuphela esiyiyo.”

<sup>105</sup> Bakholelwa ukuba ngumthendeleko ongcwele, ntoleyo, “U *mthendeleko ongcwele* uthetha ‘uMoya oyiNgcwele.’ Kwaye xana uthabatha oko, uthabathela uMoya oyiNgcwele emzimbeni wakho.” Kwaye oko akulunganga.

UMoya oyiNgcwele lubhaptizo loMoya.

<sup>106</sup> Hayi, “Xana uMhla wePentekoste uzalisekile, umpristi wenyuka waza wabanika umthendeleko ongcwele, isonka esisicaba elwimini lwabo.” Okanye hayi, “Umshumayeli othile wenyuka waza watshiza ngamanzi athile kubo, kwaye wabaxhawula isandla,” nokuba. Hayi, mhlekazi.

<sup>107</sup> “Kodwa kwabakho isandi esivela ezulwini ngathi sesomoya ovuthuza ngamandla, eso esayizalisayo indlu yonke leyo ababehleli kuyo.” Eso siSibhalo. Yiloo nto ilungileyo. Yiloo nto eyenzekayo kwela Bandla, kwaye yiloo nto eyenzekileyo xana ukuKhanya kukhanya ngalo mhla. Kulapho ukuKhanya kwatyhoboza khona phaya; kwaye apha kulapho ukuKhanya kutyhoboza khona apha.

<sup>108</sup> Ngoku ukuba naziphi na iZibhalo, ndiyacaphula, ziyabuzwa, nje zibeke phezu... Ndiyakuninika indawo apho zikhoyo, yabona, eSibhalweni. Konke kulungile. Kakade,

kwixesha nje elincinci njengeli. . . Ngesiqhelo, xana sidibanisa kuYo, sithabatha iiveki neenyanga. Nje sonke iSibhalo, yihla ngaso, ube nabantu kunye neBhayibhile yabo. Kodwa, ukuba Siyabuzwa, undazise nje. Konke kulungile.

<sup>109</sup> Ngoko, uMartin Luther. Ngoko, emva kukaMartin Luther, kweza uJohn Wesley.

<sup>110</sup> UMartin Luther waphuma nekatekizim, nezinto ezininzi. Waphuma enobhaptizo, waphuma wanikela ubuthathu, ubhaptizo lobathathu emnye olungazange lwafundiswa eBhayibhileni, aluzange lufundiswe eBhayibhileni. Akukho mntu wakha wabhaptizwa kubhaptizo lukabathathu emnye, eBhayibhileni. Ukuba kunjalo, yiza undibonise apho lukhoyo. Alukho phaya.

<sup>111</sup> Ekuphela kwendlela ababethunywe ukuba babhaptizwe ngayo, yayikukuba, “Hambani niye kufundisa zonke izizwe,” Watsho emva phaya, “nize nibabhaptizele eGameni,” hayi ngegama, “eGameni; uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele.” Kwaye abafundi bajika kanye baza babhaptiza wonke umntu eGameni lika “Yesu Kristu,” kwaye, bayalela ukuba nabani na obethe wabhaptizwa ngayo nayiphi na enye indlela, kwanyanzeleka ukuba beze babhaptizwe kwakhona phambi kokuba babe nokufumana uMoya oyiNgcwele. Kwaye naku kuphuma ibandla lamaKatolika. . .

<sup>112</sup> Beka indawo ibenye eBhayibhileni apho nawuphi na umntu wakha wabhaptizwa egameni lika “Yise, uNyana, uMoya oyiNgcwele.” Oko akunanto kwaphela, akunjalo? Ngomgqibelo ngokuhlwa bubusuku bemibuzo, ndiya kuyifumana, siya kuyingqalisa loo nto. Konke kulungile. Konke kulungile. Ndifuna nabani na lowo onokundibonisa indawo ibenye apho nawuphi na umntu wakha wabhaptizwa egameni lika “Yise, uNyana, uMoya oyiNgcwele,” Ndiya kusuka ndimke epulpitini ndize ndithi ndingumhanahanisi. Kwaye nabani na owayebhaptizwe nangayiphi na enye indlela, kwafuneka ukuba eze kwaye abhaptizwe kwakhona eGameni lika “Yesu Kristu,” ukuze amkele uMoya oyiNgcwele. Oko kuchanekile kanye. Yiloo nto iBhayibhile eyayitshoyo.

<sup>113</sup> Ngoku, uyabona, sithabatha ulwazi lwengqondo endaweni yeNyaniso. Ngoku ujonga kwiSibhalo. Musa ukuthi, ukuba, “Ke, uMzalwana uBranham wathi.” Khangela kwiSibhalo ngoku. Fumana isichazi ntsingiselo sakho kwaye usijonge. Kwaye ngoko kwaka msinya. . .

<sup>114</sup> Uyaqaphela, ukuba ngasinye kwezi zigaba zebandla sasineGama Lakhe, zade zafika kwesi sigaba sobumnyama sebandla.

<sup>115</sup> Kwaye, khangela, oko kuzekelisa emva ngaphaya kwi—kwibandla leSithethe. Xana esona sigaba sobumnyama sasiqhubela phambili, samaYuda, kwakungexesha u—

Ahabhi, esempumelelweni emva—emva kokumkani omkhulu owayephambi kwakhe; kwaye ngaphambi koko, wabe enoSirayeli wonke ekwimeko entle. Kwaye u-Ahabhi wangena njengekholwa lomda, ekwimeko edikidiki, waze wawela kwaye watshata le nkosazana incinane, Ujezebhele, owayengumnquli zithixo, waza wamngenisa, wazisa unqulo zithixo kwaSirayeli. Anikukhumbuli oko? Owona mzekeliso mhle kakhulu.

<sup>116</sup> Xana ubuProtestanti batshatela kubuRoma, balungenisa kwakhona unqulo zithixo kubuKristu, kwisigaba sobumnyama; ngqo—ngokuchanekileyo, ngokwemo yezomiwo mhlaba.

<sup>117</sup> Ngoku khangela xana ifika kweli cala. Apha ufumana ntoni? Isibambiso sikaMoya oyiNgcwele; isoka esisicaba. Isibambiso sobhaptizo lwamanzi eGameni likaYesu Kristu; uYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Babambisile kuyo yonke into. Ndingakuthabatha oko ndize ndikungqine ngeSibhalo; isibambiso emva kwesibambiso.

<sup>118</sup> Kwaye uMartin Luther wavumelana nako. UJohn Wesley weza kanye ngaloo nto inye, waza wavumelana nayo. Akuzange kubekho mntu nanini, eBhayibhileni, owakha watshizwa. Zange yabakho into enjalo. Kwakungekho nto injalo eBhayibhileni, kungekho myalelo okanye mmiselo wayo konke konke, kodwa niyivumele. Kunjalo oko. Nikuvumele oko. Bayaphuma baze bafumane ibhotilana yokusasaza ityiwa baze banitshize ngayo. Ngokuba? Ibandla lamaKatolika lakuqala oko, kwaye niyakuqubudela oko. Kunjalo.

<sup>119</sup> Umfo wathi, ngenye imini, wathi, “Awunguye u. . . Wena, awungomKatolika nje. Ungu. . .”

<sup>120</sup> Ndathi, “Hayi, mzalwana. NdingumProtestanti. Ndiyayiqhanqalazela lonto.” Kunjalo oko. Njengomlungiseleli weVangeli, kunye nabantwana bakaThixo njengabagqatswa bam apha, ngenxa yeZulu, kwaye ndimelwe kukushumayela kubo ndize ndihlale phambi kwabo njengomfundisi ngemiqondiso kunye nezimanga, ndiya kuba ngumhanahanisi ukuba andizange ndiyimele lonto eyayiyinyani. Ndathi, “Ewe, mhlekazi. Ndiya kuma, ukuba iyandibulala. Ndiya kufa. Ndi—ndiya kufundisa nje lonto eyiBhayibhile.”

<sup>121</sup> Kwaye ndikulungele, nangaliphi na ixesha, ukuYixoxa nabani na, yabona; makabe ngupopu waseRoma, okanye ubhishophu omkhulu, okanye nantoni na ayiyo. Yabona? Ewe, mhlekazi. Kunjalo oko. Ukuba ndiyaphosisa, yiza undibonise. Ngoku, andiphosisi, kuba ndicaphula iSibhalo. Wena. . . Andiyi kuthabatha incwadi yakho yokufunda. Le yiNewadi yokufunda, kanye *apha*.

<sup>122</sup> Ngoku, ngoko, uyaqaphela, baqalisa ukuphuma nayo yonke le nto isesikweni.

Ngoku, ngemihla yokugqibela, kuza intshutshiso.

123 Ngoku si, malunga, iZityhilelo isahluko se-13 ngoku, ukuqala nje. Ngoku ukuba uyaqaphela, ukuqhubeka nokuhla kwisahluko apha, wathi, “Ndakhangela, kwaye bonani, iMvana imi phezu kwentaba yeSinayi...” Hayi, ndicela uxolo, ndikumqolo ophosakeleyo, isahluko esingesiso, se-14. Isahluko se-13:

*...Ndema phezu kwentlabathi yolwandle, ndaza ndabona irhamncwa linyuka liphuma elwandle, lineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi, kwaye phezu kweempondo izithsaba ezilishumi, kwaye phezu—phezu kweentloko zalo igama lonyeliso.*

124 Yintoni ukunyelisa? Ku, “kwenza intlekisa, isigculelo, ukuthetha malunga.” Ngoku khangela, lalinee “ntloko ezisixhenxe, neempondo ezilishumi.” Kwaye khangela xana li “nyuka liphuma elwandle.” Ngoku iZityhilelo 17, nina abo bazibhalayo phantsi, 17:15, sathi ukuba a—ukuba amanzi amele “ubukhulu nezihlwele zabantu.” Ke eli rhamncwa limele “amandla, amandla angahloneli Thixo.” “IRhamncwa eliqwengayo lavuka liphuma ebantwini, laza lema phezu kwentlabathi yolwandle. Ndaza ndalibona irhamncwa...”

*Kwaye irhamncwa elo ndalibonayo lalinje... ngengwe, ... iinyawo zalo yayi zinyawo zebhere, ... umlomo walo... ungumlomo wengonyama: yaza inamba yalinika amandla ayo, kunye... nesihlalo, negunya elikhulu.*

125 “Inamba!” Sinezinto ezimbini eziphantsi koqwalaselo ngoku. Khangela elirhamncwa. Lalinezimilo ezine azahlukeneyo kulo.

126 Kwaye ukuba uyakuthabatha uDaniel 7, nina abo baziphawulayo phantsi, uDanyeli 7. UDanyeli wabona kwaloo mbono mnye, kumakhulu asibhozo eminyaka ngaphambi koku, wabona umbono. Wabona loo marhamncwa, ohlukile, elinye kwelinye, ekuqalekeni kokulawula kweeNtlanga.

127 Kwaye nanga apho akhoyo, uYohane ekubona oko, kunye nesiphelo solawulo lweeNtlanga, onke omane loo marhamncwa emazwe kwelinye. Kwa ezodemoni zindala zinye, iidemoni ezo ezaziphethe ubukumkani ngabunye bamaRoma, ukuhla njalo, namaGrike, na njalo njalo, ukuhla njalo ngesigaba sexesha leeNtlanga, ziye zehla kanye zaza zahlanganisana kwirhamncwa elinye. Siya kulifumana, ngokuthe ngqo, kwaye sibone ukuba lingubani na. Kulungile. Zonke ezo, ingwe, ingonyama, konke oko, inamba. Bangaphi abaziyo ukuba yintoni inamba? Inamba imele “iRoma.” Ehe.

128 Makhe—makhe sikufunde oko. Leyo, olo luhlobo lokubuza engqondweni yenu. Ndinike iZityhilelo isahluko se-12, umzuzwana nje apha. Makhe sijonge apha, iZityhilelo 12. Ngoku khangela.

*Kwaye kwabonakala umqondiso omkhulu ezulwini; umfazi. . .*

129 Yintoni *umfazi* ayimeleyo? I “bandla.” Lo ngu—lo ngumtshakazi apha. Eli libandla, ibandla lokwenene.

*. . .umfazi embathiswe ngelanga, nenyanga iphantsi kweenyawo zakhe, . . .*

130 Khangela, inyanga iphantsi kwakhe. . . “Ilanga entlokweni yakhe, inyanga phantsi kweenyawo zakhe.” Ilanga lalisi “sigaba sexesha lobabalo.” Kwaye *inyanga* yayisi “sigaba sexesha lomthetho.” *Umfazi* yayili “bandla leSithethe,” kwaye lalimi ngaphezu komthetho. Umthetho wawudlula, kuba umthetho wawusisithunzi sezinto ezilungileyo ezizayo. Ingaba oko kunjalo? Inyanga sisithunzi nje kuphela, selanga libonakala enyangeni (ingaba oko kunjalo?), lisenza inyanga. Kwaye umthetho wawuphantsi kweenyawo zakhe; wayesele ephile wagqiba kuloo mhla. Kwaye qaphela indlela ebenxibe ngayo apha ngoku.

*. . .naphantsi kweenyawo zakhe, naphezu kwentloko yakhe isisithsaba seenkwenkwezi ezilishumi elinambini: (Ibandla lithweswe isithsaba ngeMfundiso yabapostile abalishumi elinesibini, yabona.)*

*Wathi emithi wakhala, enenimba, . . . ethuthunjelwa ukuzaleni. (Elo yayilibandla leSithethe. Khangela.)*

*Kwaye—kwaye kwabonakala omnye umqondiso ezulwini; kwaye bonani nantso inamba enkulu ebomvu, ineentloko ezisixhenxe, . . . (yabona, gcina esi sixhenxe engqondweni ngoku, “iintloko ezisixhenxe,” rhoqo) . . . iintloko ezisixhenxe . . . neempondo ezilishumi, kunye nezithsaba ezisixhenxe phezu kweentloko zalo.*

*Ngoku, waza umsila wayo warhola isahlulo sesithathu seenkwenkwezi zezulu, waza wazilahlela emhlabeni: Yaza inamba yema phambi komfazi owayesele ekulungele ukuzala, ukuze iqwenge umntwana wakhe kamsinya wakuba ezelwe. (Khangela!)*

*Kwaye wazala umntwana oyinkwenkwe, owayeza kuzilawula zonke izizwe ngentonga yentsimbi: waza umntwana wathatyathelwa phezulu kuThixo, nakuyo itrone yakhe.*

131 Ibandla leSithethe limi phaya; ilanga libengezela ukuhla; iMfundiso yabapostile abalishumi elinababini. Kunjalo oko. Ngenyanga phantsi kweenyawo zakhe, umthetho, isithunzi sezinto ezizayo; ukuKhanya kweVangeli kukhanya ngoku, umthetho wagqitha xana iLanga liphumayo.

132 “Waye nenimba yokuzala, kwaye wazisa uMntwana oyiNkwenkwe,” owayenguKristu Yesu, “waza Waxwilelwa kuThixo. Kodwa ngokukhawuleza. . .” Nantsi apho ikhoyo.

“Kwakasinya njengokuba inamba, eyayingumtyholi, yambona umfazi esele elungele ukuzala, wema kanye ngakuye ukuba aqwenge uMntwana Wakhe nje ngokukhawuleza wakuba Ezelwe.”

<sup>133</sup> Kwaye xana uYesu wazalwayo, uBukhosi baseRoma bakhupha isibhengezo, ukubulala bonke abantwana ukususela kwiminyaka emibini ubudala, ukuhla, ukuze babenokubulala uKristu Yesu. Waza uThixo wamogquma ngoboya phezu kwamehlo akhe, waza waMhlisela eYiphutha kwaye waMfihla khona, njengoko Wenzayo kuMoses ngendlela efanayo.

<sup>134</sup> Kukho laa namba ibomvu, umtyholi. Sipihi isihlalo sakhe? E... Hayi eRashiya; eRoma! Kwaye wathi, “Umtyholi umnike isihlalo sakhe negunya lakhe, inamba ebomvu,” hayi iRashiya.

<sup>135</sup> Ndiva abalungiseleli abakhulu besithi, “iRashiya ngumchasiKristu.”

<sup>136</sup> Ngokuba, iRashiya ayinanto yakwenza nomchasiKristu. Obuya bubukomanisi. Ubuxoki bobuProtestanti nobuKatolika buvelise ubukomanisi. Isizathu sokuba iRussia ibagxotho baphume phaya, ngokuba babenayo yonke imali. Kwaye benayo yonke imithandazo ethethiweyo kwabo abangcwele, ke bakha ezona zakhiwo zikhulu, kwaye babenabo bonke ubutyebi babantu, baza babufumba ngolo hlobo. Kwaye babona ukuba abaphili ngokwahlukileyo, kwaye babengohlukanga kuye nawuphi walo lonke ihlabathi, kwaye bayitsicela ngaphandle baza babumba ubukomanisi.

<sup>137</sup> Ngoku ukuba ungandinika ubusuku obunye kwakhona, ukuba uThixo uyakwenza, Ndiyakungqina kuni ukuba ubukomanisi busebenza ngokuthe ngqo ezandleni zikaThixo uSomandla, ukutshalalisa isi seRoma... Kwaye, khumbulani, ndikutsho oku njengomprofeti kaThixo, ubukhosi baseRashiya buya kuphosa isiqhushumbisi se-athom yohlobo oluthile kwiSixeko saseVatican size siyitshalalise ngeyure enye. ITSHO INKOSI. Kwaye iBhayibhile yathi uThixo wawathabatha loo madoda akhohlakeleyo waza wawabeka ezandleni Zakhe, kwaye ayezizixhobo ezandleni Zakhe, “ukuzalisekisa intando Yakhe,” nokubuyisela kuye kanye loo nto wayeyizele kuye. Yiloo nto kanye. Elo liLizwi.

<sup>138</sup> Mzalwana, awuqondi nje ukuba zinobuqhophololo njani ezi zinto! Khumbulani, uYesu Kristu wathi umchasiKristu uyakusondela kakhulu kangangokuba ade alahlekise nabo bonyuliweyo. Wathi, “Ngoku ningavumeli nabani ukuba akulukuhle.” Wathi, “Musani ukuba njengabahedeni, nithandaze ngokuphindaphinda, ‘Aah Mariya, unoyolo wena, uzaliswe lubabalo, kwaye sisikelelwe nesi...’” Wathi, “Musani ukuba njengabahedeni, nisebenzisa ukuphindaphinda okulambathayo.” Wathi, “Kwaye musani ukubiza mntu ‘tata,’

ngokwalo mhlaba, nokuba, nokuba...njengokuba ninaye uBawo omnye, kwaye ngulowo useZulwini.”

<sup>139</sup> Kodwa niyajika, ningakuhoyi oko, niyakwenza oko nakanjani na, kuba kudumile. Umtyholi ebesoloko enento edumileyo. Kwahlala kunjalo, ukususela ekuqaleni, “isimo sonqulo.” UKayin waye naloo nto inye. Nanku umoya wakhe uhamba kanye apha, ngomchasikristu; naku kusiza u-Abheli, lowo ubuleweyo, naye. Kunjalo oko. Qaphela, kwaye ngoku khangela.

<sup>140</sup> Onke la marhamncwa, emva phaya, adityaniswa kwirhamncwa elinye ngapha, elalibizwa ngokuba yi “namba ebomvu,” umtyholi.

Ngoku makhe siqale kumqolo we-15 wesahluko se-13.

<sup>141</sup> Uyabona ngoku ukuba laa *Roma* yayi—yayisi “sihlalo sikaSathana.” Irhamncwa elineentloko ezisixhenxe kunye neempondo ezilishumi lema ngakuMntwana, uKristu uMntwana, ukuze Limqwenge nje kanye wakuba Ezelwe. Ngubani okwenzileyo oko? nguHerode, iRoma; kwahlala kunjalo. Sizakufika kuDanilyeli, ngokuthe ngqo, ukuba sinexesha elaneleyo, neNkosi isinceda, kwaye siya kubona.

<sup>142</sup> Njengayo yonke indawo eZibhalweni, ukususela ekuqaleni kweNtlanga, ukuyotsho emva ukusuka kwiGenesis, Ndingangqina ukuba iBhabheli iqala kwiGenesis ize iphele kwiSityhilelo. Yaqala emva phaya ngoNimrodi, unyana kaHam, ngonqulo zithixo, ukungenisa izithixo, ukunqula izithixo. Kwaye yehla kanye ukuza, kwaye, inobuqhophololo kakhulu ngemihla yokugqibela yade yathabatha igama lobuKristu, kwaye, nangoku, lunqulo zithixo!

<sup>143</sup> Akazange na uPawulos oNgcwele omkhulu, kwabaseTesalonika beSibini, atsho? Makhe siyifunde nje, ngaphambi kokuba siqhubele phambili. KwabaseTesalonika beSibini, isahluko sesibini, kwaye sibone ukuba uPawulos wathini apha. Wada nkqu wayibona ikuMoya, ngaphambi kokuba ifike kumhla lowo esiphila kuwo.

<sup>144</sup> Ke, bethu, onjani wona umhla lowo esiphila kuwo, ubumnyama obo esiphila kubo, kwaye amadoda nabafazi beqokelelana apha kubumnyama bobuhedeni kwaye bengayazi nkqu nalonto. Olunjani u—olunjani usizi! Olunjani usuku olo . . .

<sup>145</sup> UPawulos wathi, “Olo suku alunakufika, lungakhanga lufike ulahlo kuqala, aze umntu wesono atyhileke.” Ngoku khangela, umbhengeza ngokuba ungumntu. Ingaba oko kunjalo? UPawulos wathi, “Wayengumntu wesono, ochaseneyo nayo yonke into ebizwa ngokuba nguThixo, ke lowo onqulwayo njengoThixo.” Umntu, enqulwa njengoThixo; indoda eyakubekwa apha njengesimo sonqulo. Kwaye wathi, “Loo mini ayisayi kufika ngaphandle kokuba kuqala kufike

ulahlo.” Yintoni ke leyo? Imeko edikidiki yebandla. Konke kulungile.

<sup>146</sup> Phulaphulani. Makhe ndinifundele yona, ukuba niyathanda, kwabaseTesalonika beSibini. Kulungile. Ukuba ndinganako ukufumana indawo elungileyo ngoku, ukuqala, ukuze singabi nakufunda kakhulu. “Makungabikho bani unilahlekisayo,” umqolo wesi-3, kwabaseTesalonika beSibini, isahluko sesi-2.

*Makungabikho bani unilahlekisayo nangaluphi uhlobo: kuba loo mini ayisayi kufika, ngaphandle kokuba kufike ulahlo kuqala, (iSigaba seBandla laseLawodike ngoku)... kwaye loo mntu, (m-n-t-u, isinye)... umntu wesono atyhileke, unyana wentshabalalo; (endaweni, endaweni yoNyana kaThixo), unyana wentshabalalo;*

*Lowo uzikhukhumezayo (ngokwakhe) kwaye aziphakamise ngaphezu kwenzo yonke leyo ebizwa ngoThixo, ukuze abe uyanqulwa njengoThixo; ukuba yena njengoThixo uhlala etempileni kaThixo, ezibonisa ukuba yena unguye uThixo. (Esamkela izivumo!)*

<sup>147</sup> Musa ukundixelela, mhlobo wam ongumKatolika! Njani ukuba, nitsho nina “anikholelwa ngaphandle komtshato omnye kuphela; ibandla lamaKatolika lihlala ngakumtshato omnye.” Ukuba awunamali, oko kulungile. Kodwa makhe ndinixelele, kanye apha kubantu bakowethu; umfazi oselula ohleli kanye apha, umama ohleli apha, notata, naye; nomnye umfazi apha kunye nale nkwenkwe encinci. Intombazana yatshata nenkwenkwe yomProtestanti; bohlokana baza baphuma. Ke ngoko, into yokuqala uyazi, intombazana yayizakutshata inkwenkwe yomKatolika; kwaye kwafuneka ukuba aphume aye kuhlawula imali eninzi, aze abuye, kwaye, “Wayengatshatanga nale nkwenkwe yomProtestanti, kwindawo yokuqala.” Nanku apha uHoward, abantu bakowethu. . .

<sup>148</sup> Ke, kanye apha phezulu. . . andiyi kulibiza igama. Une— unentombi, kwaye intombi imalunga namashumi amabini anesithandathu eminyaka ubudala. Umyeni wakhe, wamshiya ezantsi eMilltown, wabaleka waza watshata nendoda engumKatolika. Kwaye ngoku bathi, “Kufuneka ukuba aphume ebandleni.” Ke bahlawule imali eninzi kakhulu, ukuze abuyele emva kwaye “bamtshintshe ukuze abe yintombi enyulu kwakhona,” baze bamtshatisele kule ndoda kwakhona. Ubuvuvu! Umtshintshe abuyele ebuntombini obunyulu? Utshatile, emehlweni kaThixo, kwaye uphila ekukrexezeni. Injalo kanye loo nto. Lowo ngu-ITSHO INKOSI, ngokunjalo. Yinyani.

<sup>149</sup> Elinjani lona ihlazo! “Ukuhlawula imali eninzi kangako.” Naso isizathu sokuba zibe zonke ezi nkonzo zinkulu nezikolo zakhiwe. Leyo yindlela. Ihlabathi liphela. . . Awuyazi, apha



e-United States. Umelwe kukundilandela ukuya phesheya kweelwandle, kube kanye, kwaye uyakufumanisa. Ewe, mhlekazi. Yiya ngaphaya, mzalwana, apho banesandla esongamileyo khona.

<sup>150</sup> Ndinganizisela umfanekiso, oyinyani, uMzalwana uKopp osandula nje ukuwuthabatha, waza wawuthumela kum, womshumayeli womProtestanti, Umshumayeli kaMoya oyiNgcwele, elele esitalatweni, edumbe phantse ekufuphi *nokwa* kuphakama, yena nenkosikazi yakhe, nentombazana encinci, edumbe ngolo hlobo; ngokuba beshumayele uYesu Kristu, amandla wovuko, kwaye abantu basenokusindiswa kwaye bamkele uMoya oyiNgcwele. Bababulala esitalatweni, baza abavuma ukuba bangcwatywe, babatsicela, iintsuku emva kweentsuku. Kunjalo oko.

<sup>151</sup> Kanye phaya apho uMzalwana u-Osborn kwafuneka ukuba abanjwe, phantsi kwemipu, ukuze abakhuphe. Behla baya phaya, laza elinye. . . iqela labapristi lahangana kunye laza lambulala lo mfana. Kwaye inkosikazi yayisandula kuba nosana. Kwaye bahamba ngesitalato ngolo hlobo, bene be-be-bephelekwa bamehlisela engcwabeni, ukuba bamngwabe. Kwaye lo mama ehamba, nosana, elila, emva komveni wakhe ofileyo. Kwaye abantu bekhangele ngefestyle, abantu abantliziyo zinyanisekileyo, wathi, “Ukuba yiloo ndlela ibandla lamaKatolika eliziva ngayo, siyalilahla.” Kwaye walandelwa, ngamawaka, ukuhla ngesitalato. UMzalwana u-Osborn wabanemvuselelo phaya, bade abakwazi ukumkhupha esizweni. Kwakukho abantu abaninzi kakhulu. Injalo kanye loo nto.

<sup>152</sup> Owu, olo luhanahaniso! Ndiyazi ukuba ngumfanekiso ombi. Hlalani nje nizole, bahlobo abangamaKatolika, siyakuqalisa ukukhuhla kwelinye icala, kwimizuzu nje embalwa. Kulungile. Qaphelani.

<sup>153</sup> Ngoku siya kuhla, qaphela, ukuqhubela phambili kancinane. Makhe ndinizisele oku. Mhlawumbi ndinganalo ixesha, ndisenemizuzu engamashumi amathathu okwangoku. Khangela ngenyameko. Ngoku makhe sibuyele emva, wonke umfundi, nje engqondweni yakho, okomzuzu nje, ukwenzela umfanekiso wasengqondweni. Xana . . .

<sup>154</sup> Lonke ikholwa loQobo apha liyazi ukuba ulawulo lweeNtlanga luqala ngoKumkani uNebhukadenetsare. Ingaba oko kunjalo? Lonke ikholwa loQobo liyakwazi oko. Kwaye uKumkani uNebhukadenetsare waba nombono, waza uDanyeli wamnika ingcaciso. Ingaba oko kunjalo? Kwaye yayiyintloko yegolide, eyayingamaBhabheli; eyesibini yayingamaMedi namaPeresi; olulandelayo yabalulawulo lwamaGrike; ngoko yabaluLawulo lwaseRoma. Kwaye ekupheleni kokuLawula kweRoma, uYesu Kristu wayeluLwalwa olo elathatyathwa

entabeni, kungengazandla, elo elaqengqelekayo laza lawaphula umfanekiso (ingaba kunjalo?), laza lawugubungela umhlaba. Nabani na uyakwazi oko. Naliphi na ikholwa liyakwazi oko.

<sup>155</sup> Nendlela leyo, ngemihla yokugqibela, xana baqhekekayo baba kobu bukumkani buninzi bahlukeneyo, na njalo njalo, ukuya ezinzwaneni, kwakukho intsimbi nodongwe. Kwaye oko kuthetha ukuthi, umprofeti wathi, “Njengoko wayibonayo intsimbi nodongwe aziyi kuxubana, kananjalo aba abayi kunamathelana omnye komnye.” Kodwa baya kuzixuba ezo mbewu, bezama... Ngamanye amazwi, bayakutshata kubo, bezama ukuvelisa abantwana babo baze bophule, ngenxa yamadla, ngolo hlobo. Kwaye niyazi ukuba leyo yinyaniso. Kodwa, ukubamba, inako, kwaye nina bantu niyayiguqela, “Owu,” nithi, “iyamangalisa.”

<sup>156</sup> Khangela kulo Stevenson, nokuba lingubani na igama lakhe, apha phezulu. Ngoku eyakhe... apha phezulu. Ngubani na igama lakhe? Ndiyabala nje... Umfo phezulu apha, lo uvusa yonke le ngxokozelo apha. [Ibandla litsho igama—Mhl.] Ehe. Owu, bethu!

<sup>157</sup> Le United States ibole ukuya kutsho kumongo. Ewe, mhlekazi. Ndingakungqina kuni kwangeloxesha xana... Lo mfazi apha, emva kwiZityhilelo 12, xana i... UmNtwana wakhe oyinkwenkwe waxwilelwa phezulu ukuze ahlale kwiTrone kaThixo, kwaye, xana wenjenjalo, umfazi wasabela entlango, apho wayekhathalelwe khona iintsuku eziliwaka elinamakhulu amabini anamanci mathandathu, ukuya ngqo kumhla wePlymouth Rock, ngokuchanekileyo, apho ibandla leza ngapha ukwenzela unqulo olukhululekileyo, laza lazimaseka apha.

<sup>158</sup> Kwaye sizakufunda ukuhla njalo kwisahluko se-13 seZityhilelo apha, size sijonge apha kumqolo we-15. Kwaye, ngoku, umzuzu nje, ndifuna ukubuyela emva phambi koko, kwaye siyabona apha apho lowo Wayemi khona apha ecaleni ngaselwandle. Ngoku ukuba nje ndinganokufumana indawo, apho, umqolo we-11.

*Ndaza ndabona elinye irhamncwa linyuka liphuma emhlabeni;* (hayi ukuphuma—ukuphuma emanzini)... .

<sup>159</sup> “Ukuphuma emhlabeni.” Ngoko, ubungqingqwa nezihlewe zabantu ngamanzi, ngoko apha kulapho kwakungekho bantu, i-United States.

*... kwaye lalineempondo ezimbini njengemvana, ...*

<sup>160</sup> “Iimpondo ezimbini njengemvana,” hayi itakane. Iyintoni na? Yinyathi yethu yaseMelika. Ngokuqinisekileyo. Yabona, nantso apho ikhoyo, “iimpondo ezimbini njengemvana.” Kodwa ngoko yintoni eyayenzayo? Yayinenkululeko yonqulo, kuqala; yenza njengemvana, yathetha njengemvana. Kodwa, khumbulani, alizange libe yinkunzi yegusha endala.

Yayiyimvana. Eli lizwe lineminyaka elikhulu elinamashumi amahlanu kuphela ubudala, niyazi, imvana nje.

. . . *kwaye ngoko lathetha njengenamba.*

*Kwaye lona lenza ngokwamandla onke welokuqala irhamncwa elalinawo phambi kwalo, (inamba ebomvu), kwaye labangela bonke abo abaphezu komhlaba, abo bahleliyo phezu komhlaba, ukulingula. . . irhamncwa, enxeba lalo lalisingise ekufeni laphiliswayo. (Khangela!)*

*Kwaye—kwaye lenza izimanga ezinkulu, ke ukulenzela umlilo wehle uphuma ezulwini. . . (Isiqhushumbisi se-athom, nehydrogen; ubulumko, isizwe esikrelekrele, na njalo njalo, silahlekisa izizwe ngezi zinto.)*

<sup>161</sup> Le United States iyakufika kwixesha apho ibandla nombuso ziyakuhlangana kunye. Kwaye ubuProtestanti neKatolika bayakuphosa izinto zabo ndawonye, ukuze balwe nobukomanisi. Kwaye budlala ngokuchanekileyo ezandleni zaloo nto uThixo awayitshoyo kanye apha.

<sup>162</sup> Nani maProtestanti ningqengqe ngaphaya, nilele yoyi, nifunda iphephancwadi leballi lothando endaweni yeBhayibhile yenu! Niphume, nijikeleza ndaweni ithile, ukuya kuhlobo oluthile lwetheko, endaweni yokuba semthandazweni ndaweni ithile; nixambulwana omnye nomnye malunga nezinto ezincinci ezindala ezo ezingenamsebenzi kangako. [UMzalwana uBranham uqhwa kwazisa iminwe yakhe—Mhl.] Umelwe kukuba semadolweni akho ndaweni ithile, ukuba uyazi ukuba inguNaphakade lalithetha ngantoni.

<sup>163</sup> Qaphela, xana, uKumkani uNebhukadenetsare, ekuqalekeni emva ngaphaya, xana isigaba seNtlanga sathi sangeniswa. Makhe sikhangele ukuba singena njani na. Kwaye nendlela esingene ngayo, uyakufumanisa ukuba siphuma kanye ngendlela efanayo. Siyazi ukuba kukho ukuqaleka kwexesha lobabalo kwiiNtlanga, kunye nokuphela kwexesha. Ingaba oko kunjalo?

<sup>164</sup> Ngoku khangela, xana uKumkani uNebhukadenetsare. . . xana uDanyeli wayethunyelwe ezantsi phaya, umprofeti olumkileyo, xana onke amanye amaYuda ayeluhlobo lokuthoba kwaye babequbuda kumaRoma. . . okanye kumaBhabheli. Kodwa kwakukho abathathu, amadoda amane; amathathu (uShadraki, uMeshaki no-Abhednego), noDanyeli, abagqibayo ezintliziyweni zabo ukuba bayakumkhonza uThixo. Kwaze ngoko xana bamphosayo uShadraki, na njalo njalo, kwi. . . Kwaye uDanyeli waba yindoda enkulu, naphambi koKumkani uNebhukadenetsare noBheleshatsare, na njalo njalo. Xana wathi waba yindoda enkulu, ngoku khangela, uKumkani uNebhukadenetsare wenza umfanekiso wegolide wawumisa

phandle ethafeni, kwaye wathi wonke umntu uyakunyanzeleka ukuba aqubude kuloo mfanekiso.

<sup>165</sup> Ingaba wakha wabuqaphela ubumsulwa bawo, wawenziwe ngabani loo mfanekiso? YayinguDaniyeleli, umfanekiso womntu. Kwaye akazange athi, “omoya boothixo,” umhedeni? Kwaye njengokuba sinjalo namhlanje, sinemithathu okanye emine kuyo. “Omoya boothixo baphila kuye,” baza bamenzela umfanekiso uDaniyeleli. Kwaye wathi, “Bonke abangayi kuqubuda kuloo mfanekiso, baya kuphoswa kwiziko lomlilo.” Uyaqaphela, uDaniyeleli akakho ngelo xesha. Uyayifumana lonto endiyithethayo? “Kwaye nabani na ongayikukha aqubude kulo mfanekiso uya kunqunqwa abe ziziqwenga, okanye aphoswe emhadini weengonyama, okanye atshiswe ezikweni lomlilo, okanye into ethile, isohlwayo.”

<sup>166</sup> Yiloo ndlela ixesha lesigaba seeNtlanga esaqala ngayo, ngesimo sonqulo lobuhedeni, ngentshutshiso ukubenza ukuba baqubude kuwo. Kwaye iBhayibhile ixele kwangaphambili ukuba kuya kuphela ngendlela efanayo, “iNdoda engcwele,” uYesu Kristu; umfanekiso kuYe, ukuwunqula, na njalo njalo.

<sup>167</sup> Niyakhumbula, kwincwadi kaFoxe yabafelinkolo, babebamba umnqamlezo phambi kwabo, babeke inkabi yenkomo kwingalo nganye ngolo hlobo, kwaye babeya kuthi... Ukuba awuzukubulahlala, ulahle ubuProtestanti, uze ube ngumKatolika kwaye “uncamise lo mnqamlezo.” Babeya kuqalisa inkabi yenkomo enye ngenye indlela, kwaye enye ngenye indlela, baze ngoko babatsale bohluwane kubini. Babatshise kwizibonda. Benza yonke into. Ndikhe ndaya kumangcwaba amadala; Ndiyayazi le nto ndithetha ngayo. Kwaye, yabona, oko, kunjalo oko. Kwaye nakuya apho balele khona. Kwaye qaphelani indlela abadlula ngayo kwezo ntsuku zokufela ukhohlo phambi kukaMartin Luther. Ngokutsho kweBhayibhile, ngokunjalo.

<sup>168</sup> Ngoku qaphelani ngenyameko kwakhona ngoku. Ngoku ndifuna ukuba niqaphele into enkulu. Baqhekeka njani obo bukumkani baseBhabheli? Ngobunye ubusuku xana bawelayo baza bathabatha izitya ezingcwele zikaThixo, baza baqalisa ukuselela iwayini kuzo; baqalisa ukuba nexesha elimnandi, kwaye bafumana igquba labafazi phandle phaya, amashweshwe, kwaye babexhentsa kwaye bonwabile kwaye benexesha elimnandi. Ingaba kunjalo oko? Ngelo xesha kwabakho umbhalo wesandla oweza eludongeni, “UMENE, MENE, TEKEL, UFARSIN.” Kunjalo oko? Kwaye bahamba baza bafumana onke amaKaledi abo, amadoda abo azizilumko, amalungu ebandla adikidiki, kwaye akukho namnye kuwo owayekwazi ukuwufunda. Kunjalo oko.

<sup>169</sup> Kodwa babenendoda phaya eyayinako ukufunda iilwimi ezingaziwayo, haleluya, eyayinokutolika. Yabona ukuba

ndithetha ntoni? Wayenokutolika iilwimi ezingaziwayo. Yiloo ndlela esaphuma ngayo.

<sup>170</sup> Yiloo ndlela aphuma ngayo ngoku, ngamandla kaMoya oyiNgcwele kubantu abazaliswe lubhaptizo loMoya oyiNgcwele, abanamandla nemiqondiso nezimanga. Nalo lihamba iBandla leeNtlanga. Nanko ke amasalela.

<sup>171</sup> Kungendlela esangena ngayo, kukwayilo ndlela esiphuma ngayo, ngokuchanekileyo, ukuqubuda nokunyanzelwa kwisiqingatha senkolo yobuhedeni. Waze uThixo wangena ngeyure enzima ebhala ngeelwimi ezingaziwayo, yaze indoda yalitolika. Wayenokutolika. Wayengayazi loo ntetho; akukho mntu wumbi owayeyazi. Kodwa wayenoMoya oyiNgcwele omnye, lowo owamvumelayo ukuba akutolike oko, ikwanguloo Moya oyiNgcwele mnye useBandleni namhlanje.

<sup>172</sup> NiWubiza “ubaxo.” Ndiyakuvuma ukuba bafumene okuninzi kwalonto. Kodwa, mzalwana, kukho owokwenene phaya, kananjalo. Kunjalo oko, owokwenene phaya, kananjalo. Umtyholi ugibisela yonke into yenkohlisa leyo anako, kanye endleleni, ukukubhida. Kwaye ukuba awucingi ngakumbi ngoThixo kunokuba uhle ze ufunde iBhayibhile yakho, kwaye uthandaze ze ucele uThixo, ngoko oko kubonisa ukuba awunamndla kakhulu emphefumleni wakho.

<sup>173</sup> Yiya kanye phambili phaya phandle ze uthi, “Thixo, andikhathali nokuba zingaphi izithiyelo zikanomyayi ezindala Ozibeke phandle phaya. Ndiyayibona iBhayibhile Yakho ikutsho oko, kwaye ndizimisele!” Kunjalo oko. “Wakuthembisa oko kum, imbewu ka-Abraham.”

<sup>174</sup> UThixo ukubizile, uyakuza kuYo; kodwa ukuba awunjalo, Andikhathali nokuba unenkolo kangakanani na, uhambile; kuphelele apho, awunako ukuza. Akukho mntu unako, ngaphandle kokuba Akubize. Kwaye Akathandi ukuba nabani na atshabalale, kodwa uninzi lwenu luyakwenjenjalo ngokuba anikhathali kakhulu malunga naYo.

<sup>175</sup> Kwaye niya kujikeleza nize nibone into ethile ekhangeleka ibaxekile kancinci, inesithunzana, “Ke, uGqirha. *Uzibani bani wathi uzibani bani*, na njalo njalo.” Nize ngoko nihambe nijikeleze kwaye ninyelise uMoya oyiNgcwele, niyakwazi ukuba oko kunjalo, kwaye oko akunakuze kuxolelwe.

<sup>176</sup> Niya kufumanisa kwimizuzu nje embalwa ukuba liyintoni na uphawu lomtyholi, luyintoni i—luyintoni itywina lomtyholi, uphawu lwerhamnawa. “Nabani na othe wathetha ngokuchasene noMoya oyiNgcwele, akasayi kuxolelwa yena, kweli hlabathi, okanye kwihlabathi elizayo.” Khangela elaa bandla lokuqala, yintoni abayenzayo. Qaphela, malunga noku, ibandla lesibini! Ungazitywinela ngokwakho ngaphandle kobuKumkani bukaThixo, ze ungene kobomtyholi; ngaphandle apho kungekho “kuxolelwa, kweli hlabathi, okanye elo lizayo.”

Ngokwenene. Ke, lumka, hamba ngentlonipho. Yilumkele into oyenzayo, kuba awuyazi into eya kwenzeka.

<sup>177</sup> Ngoku, siyayibona yonke le nto ifumba ukuhla ngoku. Ndinemizuzu nje engamashumi amabini. Ndifuna ukuba nityhile kunye nam kwisahluko se-17, iZityhilelo, ukuqukumbela nje kwimizuzwana embalwa. Ngoku siya kuhamba indlela ebuyela ekhaya. Phulaphulani ngenyameko. Fundani kunye nam. Vulani iBhayibhile zenu nize nilungele ukufunda. Oku kufanele ukuba kuyitywinwe.

<sup>178</sup> Khumbulani, kukho amaphawu amabini; olunye luwexuko, olunye nguMoya oyiNgcwele. Olunye luphawu lomtyholi.

<sup>179</sup> Khumbulani, ndiyendakutsho oku, ukuba ibandla lokuqala lamaKatolika. . . Ngoku, bantu bamaKatolika, hlalani nizole nje imizuzu embalwa. Ibandla lokuqala lamaKatolika labumba eyalo imbono malunga naloo nto. Babenemfundiso yobuxoki, yomthendeleko ongwele, wokuthabatha isonka esisicaba endaweni yobhaptizo loMoya.

<sup>180</sup> AmaProtestanti amkela ukuxhawulana kwezandla, okanye ukwenza isibhambathiso; kokubini kuphosakele, ngokweLizwi likaThixo. *Esi* sisikhokelo. Beza kwaye babhaptiza, “UYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele,” xana kungekho nesuntswana lexesha nabani na wakha wabhaptizwa ngalo ndlela; nto leyo ibubuhedeni ngokupheleleyo, ubhaptizo lobuKatolika. Kwaye bayakuvuma oko, baze bathi, “Nina maProtestanti niqubuda kubhaptizo lwethu.”

Ndathi, “Kutheni niyenza lonto?”

<sup>181</sup> Wathi, “Ibandla lamaKatolika linamandla okuguqula nasiphi na iSibhalo abafuna ukwenjenjalo kuso.”

Ndathi, “Obo bubuxoki.”

Wathi, “Kutheni lento niqubuda kulo ngoko?”

<sup>182</sup> Ah, ngoko niya kuvala umlomo. Hayi mna! Andikholwa kulo. Eli liLizwi likaThixo. Kunjalo oko. Ukuba abantu bafuna ukulandela, kufuneka bahambe bodwa. Ndimelwe kukuxela iNyaniso. Kunjalo oko.

<sup>183</sup> Qaphela, ngoko baphuma nayo yonke le enye, ibandla, lazimanya nekhathekizim yalo yakudala kunye nazo zonke ezo zinto phaya. Elinjani lona igquba lokubola kunye nobuvuvu! Kwaye liqandusele iibhiliyoni zabangakholwayo, kwaye ababandayo abasesikweni. . .

<sup>184</sup> Ngeyomtyholi, kwasekuqalekeni. Kwaye ndingangqina kuni ukuba iBhayibhile yatsho apha, “Lonke ihlabathi lalandela emva kwamandla eli rhamncwa; elalikhho, elingekhoyo, ukanti likho.” Kunokwenzeka njani oko, “lalikhho, kwaye alikhho”? Yathi, “Ihlabathi lonke lamangaliswa malunga nalo.”

185 Xana iRoma yobuhedeni yaba yiRoma yobupopu, ayizange ipheze. Inkqubo yobuRoma yapheza; xana ukumkani omtsha wangenayo, wamisa nje ulungelelwano olutsha. Kodwa xana bangenayo kwiRoma yobuhedeni, ngebandla lobuKatolika, ngobupopu, ayizange yapheza. Ukuba omnye upopu uyafa, bamisa omnye; omnye upopu uyafa, bahlalisa omnye. “Irhamncwa elaye likho, elingekhoyo, ukanti likho; elingekhoyo, elikhoyo nangoko; elo...kwaye liya kuya entshabalalweni.” UTSHO UMOYA OYINGCWELE, ngaso iSibhalo.

186 Ngoku, phulaphula. “Kwafika omnye phaya...” Nonke khangelani ngoku, isahluko se-17.

*Kwaye kweza kum esinye sezithunywa zezulu ezisixhenxe ezazineengqayi ezisixhenxe, (ezo zingqayi zokugqibela, ezo ezathululwayo), saza sathetha nam, sisithi...Yiza apha; kwaye ndiya kukubonisa... umgwebo wehenyukazi elidala elo lihleliyo phezu kwamanzi amaninzi:*

187 Khangela iZityhilelo 12. Lowo Yayingumfazi oyintombi enyulu. Wayelinenekazi lokwenene. Ukuba kuhle kwendlela awathi wema ngayo!

188 Kodwa apha omnye ubizwa ngokuba ulihenyukazi, “i-h-e-n-y-u-k-a-z-i,” lithetha ongathe... Yintoni leyo? Makhe sikwenze unqulo zithixolo oku... okanye sikuhlalutye oko.

189 Andivanga. Ndiyakhawuleza kakhulu; ndicinga ukuba ndinemizuzu elishumi elinesihlanu. Ndiyakuhlala enye iyure ngoko, ke hlalani nizolile nje. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

190 Khangela. Konke kulungile. Khangela, makhe simhlalutye ukuhla. Ungumfazi ongolileyo. Yintoni ihenyukazi? Ndikuthiyile ukulithetha eli gama, kodwa libhalwe apha eBhayibhileni. Ngumfazi lowo ozixela ukuba ungumfazi olungileyo, aze akrexeze namanye amadoda. Ngoku, ukuba umfazi umele ibandla, ngoko libandla elizixela ukuba lingumKristu, kwaye likrexeze nezinye izinto. Ingaba kunjalo oko?

191 “Kwaye lihleli phezu kwamanzi amaninzi; ubungqingqwa kunye nenkitha yabantu.” Fundani i...malunga nomqolo we-15 kwaye niyakukubona oko, yabona. Okanye, owe-17, kunye phaya. Siya kufika kuyo kumzuzu nje. “Inkazana leyo ihleli phezu kwamanzi amaninzi; ihenyukazi.” Enjani yona into! Ngoku ukuba besineentsuku emva kweentsuku, bendingathabatha loo mfazi ndize ndimlandele ukusuka kuKayin ukuya ekuBuyeni kweNkosi uYesu, kwaye ndikubonise ukuba wayengowokuqala wokuhlanganisa ibandla alenze umbutho. Ungumama wombutho. Khangela, “Kwaye inkazana leyo ihleli phezu kwamanzi amaninzi. Phezu, ihleli phezu kwamanzi amaninzi.”

Ngoku umqolo we 2.

*... abathe (oo-k-u-m-k-a-n-i) ookumkani bomhlaba bahenyuza nalo, baza abemi bomhlaba banxiliswa yiwayini yobuhenyu balo.*

<sup>192</sup> Ngamanye amazwi, libanga ukuba libandla lobuKristu; liphakeme, lihle. Khangela indlela anxibe ngayo, kwimizuzu nje embalwa, ngeeperile kunye negolide namatye. Bathi, “Ngubani onjengaye?”

<sup>193</sup> Kwaye wayephethe indebe esandleni sakhe, izele “yiwayini yobuhenyu bakhe,” ukungcola kwakhe, imfundiso yakhe leyo ubuhenyu bangela ngayo ookumkani, owu, ukuba nomthandazo omncinci nje kwaye “uthandazelwe ukuze uphume kwindawo yentlambululo miphefumlo,” nazo zonke ezi zinto. Yiyo leyo. Nantso ke. Elo liLizwi likaThixo endilifundayo. Khangela, “Sandithwala sandisa ndiku...” Ngoku makhe sibone, kwaye lenza iwayini...Kunjalo oko, umqolo we3 ngoku. Konke kulungile.

*Sandithwala sandisa entlango ndikumoya: ndaza ndabona inkazana ihleli phezu kwerhamncwa elimba-...umfusa,...* (“Omfusa,” lityebile, elona bandla linobutyebi ehlabathini.)

<sup>194</sup> Bayakhala apha, “Ngubani na onokwenza imfazwe nalo?” Kukho indoda enye ehlabathini, indoda enye kuphela ehlabathini, wehlabathi lonke, lowo onamandla njengoko wawunjalo umbono kaKumkani uNebhukadenetsare. Ezo nzwane zilishumi zaphumela kuyo yonke i...Olwa phawu lwentsimbi lobuRoma luphumela kuzo zonke izizwe zehlabathi. Akukho mntu wumbi ehlabathini onelizwi analo elo upopu waseRoma analo. UMongameli Eisenhower unokuthetha e-United States, kunye nemithetho yayo; kodwa kukho ezinye izizwe anokuthetha kuzo, kwaye akanto. Kodwa ulawulo lwamaKatolika lunokuthetha eRoma, kwaye sonke isizwe siyakukhwaza kuloo nto. Kunjalo oko. Nanko apho akhoyo. Ngoku siya kubona apho akhoyo, ukuze sibone ukuba lowo nguye na okanye hayi, sibone ukuba ufanekisiwe apha ngokukuko na. Kulungile.

*...ndaza ndabona inkazana ihleli phezu kwerhamncwa elimfusa, (ityebile), lizele ngamagama onyeliso,...*

<sup>195</sup> Ubhaptizo lobuxoki; uqoqosho lobuxoki; ikhokelela abantu ebumfameni, ibaxelela ukuba bangeza nje ecaweni, benze uvumo lwabo, na njalo njalo, benze u “Aah Mariya,” benze inguquko. Ukungazi! Ubuvuvu! Andiboni ukuba njani abantu, iingqondo ezilungileyo eziphucukileyo, bangakholelwa izinto ezilolo hlobo.

*...lineentloko ezisixhenxe...*



196 Nako ke apho ukhoyo kwakhona, kwa eli demoni linye elo lijikelezayo konke, inamba ebomvu, irhamncwa nayo yonke into, line “ntloko ezisixhenxe; neempondo ezilishumi.”

197 “Kwaye inkazana,” inkazana, ngoku, ibandla. Ngoku, *irhamncwa* linga “mandla” awayenawo, ibandla laseRoma lobuKatolika, kodwa amandla amaRoma Katolika. Kodwa, apha libandla lithetha ngoku.

*Kwaye inkazana leyo ithiwe wambu ngengubo ebomvu nemfusa ngokombala, kwaye ihonjiswe ngegolide namatye anqabileyo neeperile, inendebe yegolide esandleni sayo izele ngamasikizi nokungcola kobuhenyu bayo:*

198 Nantso apho ikhoyo; libandla elithile, uyazi. Akulilo? Limelwe ukuba libekho phaya; lifanekisiwe. Nje fundani ukuhla njalo kwaye siya kubona ukuba ingubani.

*Kwaye naphezu kwentloko yakhe yayibhalwe igama, IMFIHLELO, IBHABHELI ENKULU, UNINA WAMAHENYUKAZI, ISIKIZI LOMHLABA.*

199 Kulungile, maProtestanti, apha kulapho nicudiswe khona. Niyakuvuma ukuba ulihenyukazi, kodwa wayengu “MAMA” (wantoni, woonyana?) “WAMAHENYUKAZI.” Abo kuyakuba ngabafazi, ingaba kunjalo oko? Ezo kuyakuba *zicawe* ngoko, ingaba kunjalo oko? Ungumama oyicawa ngoko, akanguye? Wayevelaphi uMartin Luther? KubuKatolika. Zaqanduselwa ziphumaphi zonke ezi? KubuKatolika, bezisa kwaloo mfundiso yabo inye, kwaye niyaqubuda kuyo.

200 Ngoku, oyena mfazi uziphethe kakubi eJeffersonville unokuzisa elungileyo, yenyani, intombi enyulu, kunjalo oko, kwaye ingahamba ngokuthe ngqo ukuba iyafuna ukwenjenjalo. Kwaye ke lenjenjalo ibandla lamaLuthere, amaWisile, amaBhaptizi, kunye namaRhabe, na njalo njalo; bahamba ngokuthe ngqo okwethutyana, xana ababo—xana ababo abaseki babekho phaya beshumayela iVangeli kubo. Kodwa ngoku baya kwimiboniso, imijuxuzo, umabonakude, ukutshaya, nokwenza yonke enye into, (niyazi ukuba yinyaniso!), bahlale ekhaya ngeCawa. Ingaba yintoni leyo? Ngokuba ihenyukazi lenu liziphatha njengonina. Oko kuchanekile kanye. Oko kuchanekile kanye.

201 Ngoku makhe sibone apho umbala ulele khona. IBhayibhile yathi waye “NGUMAMA WAMAHENYUKAZI.” Kwaye wonke umntu uyazi ukuba leyo yayiyiRoma yobuhedeni, okanye uNkosk. upopu weRoma, ibandla lamaKatolika. Emzuzwini, ndiyakunibonisa, ngokwendawo ndimbeke emhlabeni, nje kanye apho liyakube lihleli khona. Kulungile. Apho likhoyo nokuba lingubani na, iBhayibhile yatsho njalo. Hayi mna; iBhayibhile! Kwaye wathi lona lavelisa iintombi zecawa ezininzi ezifana naye. Kulungile, ngoku, amaWisile, namaBhaptizi,

namaLuthere, na njalo njalo, niyazibona apho niza khona, u “MAMA WAMAHENYUKAZI.” Baphila kakuhle, kodwa xana ukuKhanya kwakuqalisa ukukhanya. . .

<sup>202</sup> Kufana negquba lamaphela ehlotyeni. Khanyisa isibane, endleleni apho iphela lisitya khona isikhwebu sombona esidala okanye enye into elolo hlobo, kwaye uphose ukukhanya kuwo kwaye uwabukele ebalekela kukhuseleko kangangoko anako.

<sup>203</sup> Ushumayela iVangeli, okanye ubhaptizo loMoya oyiNgewele, kuninzi lwala mabandla madala asesikweni, angahloneli Thixo; kwaye ubakhangele, “Asikholelwa kwinto elolo hlobo. Andikholelwa kwi-hayi. . .” Ngokuba? Niyazazi ukuba niyintoni, ekuqalekeni. Kunjalo oko. Kunjalo kanye oko.

<sup>204</sup> Andithethi kwanto ngokuchasene necawa yakho; mzalwana, unabantu phaya abo bangamatye anqabileyo. Andithethi kwanto ngokuchasene nabantu bamaKatolika. Ndiyabathanda abantu bamaKatolika njengokuba ndibathanda abantu boMnquba kaBranham. Asinguwe, mhlobo, endizama ukumgxolisa. Asinini, maWisile namaBhaptizi, kunye noMnquba kaBranham. Asinini abo ndibangxolisayo. Sisono eso enivumela umtyholi ukuba asibeke phezu kwenu! Nje ngenxa yokuba nisiya enkonzweni, nicinga ukuba nisindisiwe.

UYesu wathi, “Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngamanzi nangoMoya, akasayi kungena ebuKumkanini.” Kwaye xana wamkela ubhaptizo loMoya oyiNgewele, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Oko kusuka ngqo egxalabeni, mzalwana. Okanye, akusuki gxalabeni, kusuka ngqo eBhayibhileni. UYesu akazange wathi, “Mhlawumbi le miqondiso iya kulandela abathile.” Wathi, “Iya kubalandela.”

Owu, bathi, “Ngoku, ndiyakholwa ukuba yayiyeyabapostile. Ndiyakholwa ukuba kukho umjikelo omnye kuphela wabapostile, kwaye lowo wawusemva phaya ekuqalekeni.”

<sup>205</sup> Kwaye kanye isifundo ebesinaso kubusuku obugqithileyo, “Wayeenkwenkwezi ezisixhenxe esandleni Sakhe,” kwaye nkwenkwezi nganye yayiya kunikezelwa kwisigaba ngasinye sebandla ukwenzela ukuKhanya, kunjalo; kanye njengokuba kukho umpostile *phaya*, kukho umpostile *phaya*, kunye nompostile *phaya*, nompostile *phaya*; “eyayingooMoya abasixhenxe,” ekuqaleni kwesifundo sethu, “bemi phambi koThixo, ukuba bathunyelwe kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla.”

<sup>206</sup> Owu, mzalwana, usenokuhamba ujikeleze nemfundiso ethile encinci yamaBhaptizi okanye amaWisile, ugqithe nje ngayo; kodwa khangela kuyo, ekukhanyeni kweBhayibhile, kube kanye. Kunjalo oko. Amen. Ndiziva ndiluhlobo lokunqula kanye ngoku. Amen. Ewe, mhlekazi. Khangela. Mzalwana, nantso ke. Kuyasila; kodwa nakuphi na ukubethwa, akukwenzeli buhle buthile. . .

<sup>207</sup> Umama, uhleli emva phaya, wayedla ngokundithabathisa icastor oil. Sasingabantwana abancinci abadala. Kwakufuneka ukuba sitye isonka sombona kunye neembotyi, yonke imihla evekini, nangeCawe, ngokunjalo. Ngapha koko, kwakufuneka ndithabathe iyeza elininzi. NgoMgqibelo ebusuku, wayesoloko endenza ukuba ndithabathe icastor oil. Kwaye ngobusuku bangoMgqibelo ndandibamba impumlo yam, *ngolu* hlobo, andikuthethi oku ukwenzela isiqhulo. Ndandiye ndibambe impumlo yam, ndize ndithi, “Mama, andikwazi nje ukuyithabatha. Indenza ndigule kakhulu.”

Wathi, “Ukuba ayikugulisi, ayikuncedi nganto.”

<sup>208</sup> Injalo ke *Le*. Iyakuzamisa! Iya kwenza ukuba awakho—awakho amalungu okwetyisa asebenze kakuhle, ukuze ube nako ngokwenene ukwetyisa iVangeli ezeleyo.

<sup>209</sup> AmaLuthere eza kunye nogwetyelo. Ngokuba, babe nje... Babenziwe umbutho konke ukhula, “Ewe, mhlekazi, silibandla!”

<sup>210</sup> UJohn Wesley wabona ungcwaliso. Wathi, “Ndilibona ngokwahlukileyo.” Kwaye wathi, “Kulungile konke oko, Luther, kodwa le yiyo.” Wayeyintoni? ULuther wayeyinkwenkwezi yesigaba sakhe, kodwa apha nguWesley. Kunjalo oko.

<sup>211</sup> Ngoku, ngoko, onke amaLuthere abuyela emva eshelufini, ngokuba alibala i... akazange... Ngoku, hayi lonke i... ndithetha ibandla lamaLuthere. AmaLuthere asenawo amadoda alungileyo, azaliswe nguMoya oyiNgcwele. Kunjalo oko. Kodwa ngoku bonke babuyele emva ecaweni, kweso sigaba. Kunjalo oko.

Nako kusiza uWesley ethubeni. Wabathabatha kuso sonke isigaba sakhe.

<sup>212</sup> Ngoko, into yokuqala uyazi, ngokulandelayo kweza... Emva kwesigaba sikaWesley, kweza amaPentekoste. Kwaye amamkela uMoya oyiNgcwele, athetha ngeelwimi.

<sup>213</sup> Bethu, amaWisile, namaNazarene, nabobuNgcwele, bathi, “Owu, ngumtyholi.” Kwaye niyayibona into eniyenzileyo? Niyenanyelisa uMoya oyiNgcwele. Kwaye bonani apho nikhoyo namhlanje? Kunjalo oko. Nina, kanye ngokuchanekileyo into eniyenzileyo. Ngokuqinisekileyo, niyenzile. Kwaye nasilela ukuhamba ekuKhanyeni.

<sup>214</sup> Kwaye ngoku nina maPentekoste nisuke nabadikidiki, esi Sigaba seBandla laseLawodike, ade abe uThixo uyanitsica ukuphuma emlonyeni Wakhe. Kunjalo. Kunjalo kanye oko.

<sup>215</sup> Nithi, “Uyakholwa ekuthetheni ngeelwimi?” Ewe, mhlekazi. “Ingaba wakha wathetha ngeelwimi?” Ewe, mhlekazi. Ndiyamzukisa uThixo ngenxa yako. Ewe, mhlekazi. Ndathetha ngeelwimi, amaxesha amaninzi. Kwaye ndiyakholwa ukuba ngaMandla kaThixo. Ewe. Andikholelwa kubungqina bokuqala,

ngoku, ukuba kukuthetha ngeelwimi. Kodwa ndiyakholwa ukuba kukho aMandla kaThixo akwenza ukuba uthethe ngeelwimi, imiqondiso nezimanga ukuba zilandele. Ewe, mhlekazi.

216 Kwaye ngoko umtyholi ubeka isothuso phezulu phaya, umntu othile lowo uhlekisayo baze benze ngokungathi babenoMoya oyiNgcwele. Kwaye nonke nina maPilgrim Holiness, neHoliness, namaNazarene, nani nonke, nakhangela ngasemva kwaye nathi, “Owu, andifuni nanye yaloo Nto. Owu!”

217 Owu, inceba! Ukuba naninawo uMoya oyiNgcwele, okanye inxalenye kaThixo emazantsi entliziyo yenu, ningcwalisiwe njengokuba bekumelwe ukuba ninjalo, beniyakukuqaphela oko ukuba ngaMandla kaThixo. Akazange uYesu athi, “Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile naM ngokunjalo”? Ngokuqinisekileyo. Ukuba ungcwaliso yinxalenye yoMoya oyiNgcwele lowo ukuhlambululayo aze akungcwalise; ukuba unako Oko, uyakukuqonda konke Oko xana Kufikayo.

218 *Esi sandla siyasiqonda esi sandla. Le ntloko iyaluqonda olu nyawo. Luyinxalenye yomzimba.*

219 Kwaye iBhayibhile yathi kukho izibabalo ezilithoba zomoya; abaprofeti, abefundisi, abavangeli, kunye nabapro-...njalo njalo; no—nokutolikwa kweelwimi, ukuthetha ngeelwimi, impiliso eNgcwele. Iyakuqaphela yonke indawana yaYo.

220 Owu, nipholile, “Andifuni kwanto yakwenza naLonto.” Whew! Kubashushu kule ndawo, akunjalo? Yinyaniso leyo. Ngokuba? Ngokuba? Nenziwa umbutho. Icawa yenu itsho njalo, kwaye naso isizathu sokuba ningabinako ukukwenza oko.

221 Kodwa abaninzi benu maWisile naphuma naza nawufumana uMoya oyiNgcwele. Abaninzi benu maBhaptizi naphuma naza nawufumana uMoya oyiNgcwele. Ewe, mhlekazi. Nina, noninzi lwenu nina bobuNgcwele naphuma naza nawufumana uMoya oyiNgcwele. Ewe. Ngokuba? Anizange niyikhathalele lonto icawa yayitshoyo. Nahamba ekuKhanyeni. Amen. Anizange nikhathale nokuba yintoni eyenzekayo. Nanisazi ukuba yayiyeyeNkosi, kwaye nahamba nje nangena kuYo.

222 Liyekeni elidala—liyekeni elidala inenekazi lhlale emva phaya, umama wabo omdala. Wenza njengonina emva phaya, ihenyukazi. Wazenza umbutho. Lowo ngowona mgaqo wokuqaleka kwenkathazo, xana ibandla lomaKatolika lazenza umbutho. Laza ibandla lamaLuthere lazenza umbutho emva kwakhe. Ngoko ibandla lamaWisile lazenza umbutho emva kwakhe. Ngoko ibandla lamaBhaptizi lazenza umbutho. Kwaye ngoku kukho amakhulu amathandathu anamashumi alithoba anesithandathu emibutho eyahlukeneyo. NamaPentekoste enza kwaloo nto inye!

223 Uzuko! Yintoni ingxaki? UThixo uyangqina ukuba Akakho embuthweni. Ukuye uMoya, uMoya oyiNgcwele. Haleluya! Haleluya! Ewe, mhlekazi.

224 Akakhathali nokuba uyintoni na umbutho wakho. Bubuvuvu. Unxibelelene nobuKatolika kwaye ubuyele emva kubo, waza wahlala kubo, kwaye namkela olwa phawu lunye alulo. Ayizange ingelosi ithi, “Phumani kuye, bantu baM, kwaye ningabi madlelane naye ngezono zakhe, kwaye ndiya kunamkela?” “Musani ukuchukumisa izinto zakhe ezingahlambulukanga, kwaye ndiya kunamkela,” uMoya oyiNgcwele uthetha.

225 “Nabani na othe wathabatha uphawu lwerhamncwa, okanye unombumba wegama lalo.” Ndinqwenela ukuba besinexesha lokungena kuloo nto; ixesha lam liphelile. Yintoni unobumba wegama lakhe? BubuProtestanti. “Masenzeni umfanekiso ofaniswe nalo. Makhe senzeni umbutho. Icawa yethu inkulu kanye njengecawa yamaKatolika.” Bazithabatha zonke ezi zinto. “Babeneecawa ezinkulu, kwaye sinazo, nathi. Sinoninzi nje kangangoko lodidi lwabesixeko, ecaweni yethu, njengoko benalo kweyabo. Makhe senzeni umfanekiso werhamncwa.” Kwaye yathini na iBhayibhile, uli “HENYUKAZI,” kwaye elo li “HENYUKAZI,” ngombutho.

226 Kodwa iBandla likaThixo ophilileyo likhululekile. “Lowo uNyana athe wamkhulula ukhululekile ngenene.” Phumani kulo! Zaliswani nguMoya kaThixo.

Izizwe ziyaqhekeka, uSirayeli uyavuka,  
 Imiqondiso leyo eyaxelwa yiBhayibhile  
 kwangaphambili;  
 Imihla yeeNtlanga ibaliwe, ngeenkxwaleko  
 ezinzima;  
 “Buyani, Owu bachithakeleyo, niye kowenu.”  
 Imini yentlawulelo ikufuphi,  
 Iintliziyo zabantu ziyasilela luloyiko;  
 Zaliswani nguMoya kaThixo, izibane zenu  
 zilungisiwe kwaye zicacile,  
 Khangelani phezulu! Intlawulelo yenu  
 ikufuphi. (Amen.)

227 Zihamba njani izinto! Watsho, ngemihla yokugqibela, “Musani ukoyika, mhlambi mncinane. Kukuthanda kukaYihlo ukuninika ubuKumkani,” nihleli ndawonye kwezaseMazulwini iindawo.

228 Kwaye nina maWisile, maBhaptizi, maRhabe, enithe nawahleka amaPentekoste. . .

229 Kwaye, ndithi, iPentekoste idinga ukuthwaxa kodidi lwakudala lweVangeli, ngokuba izenze umbutho. Kwa yona i-Assemblies of God iye yangena kwe—kweyona inkulu yePentekoste, izimanye nombutho weecawe, ngokusesikweni

nangokungakhathali. Kwaye eyona imbi ndakha ndayibona uMoya oyiNgcwele esetyenziswa, phantse, yayingabashumayeli bamaPentekoste. Ke musa ukucinga, kuba ungowebandla lamaPentekoste, usindisiwe.

<sup>230</sup> Usindisiwe kuphela xana ngokwenene ubhaptizwe ngoMoya kaThixo, ngoMoya oyiNgcwele, umanyene naYe eMandleni ovuko Lwakhe, uqhubeka nemiqondiso kunye nezimanga, ulandela loo Moya naphi na apho Uya khona. Imiqondiso yayilandela abaprofeti. Imiqondiso yayilandela uYesu Kristu. Imiqondiso yayilandela abapostile. Wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo,” ade Abuye kwakhona.

“Ingaba Oko kwatsho oko, Mzalwana uBranham?”

<sup>231</sup> “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nize nishumaye le Mandla nokubonakalisa kwizizwe zonke.” Kwaye iyasilela kwisibini nesithathu salo, nangoko, alizange liYive. “Kwaye le miqondiso iya kulandelana nabo.” “Bona!” “Zonke izizwe!”

<sup>232</sup> Uzuko! Whew! Owu, bethu! Mhlawumbi niya kucinga ukuba ndiphambene. Mzalwana, ndiyakuxelela, ndiyayithanda le nkolo ilungileyo yodidi lwakudala. Ewe, mhlekazi, ukubophelela kuKristu!

<sup>233</sup> Ngoku niyalibona ukuba liyintoni na uphawu lwerhamncwa? Luphawu lowexuko. Ngumntu oyi... ocinga nje, ukuba, “Ke, ndingowe cawa, kwaye ndilunge kanye njengomfo olandelayo. Andingoweli bandla?” Kwaye uyaqonda, apho umbutho wakho wecawa lowo oxhomekeke kuwo, apho uvela khona? Ingaba uyaqonda?

<sup>234</sup> IBhayibhile yathi, “Lowo ulinqulayo irhamncwa, amkele uphawu lwalo, okanye unobumba wegama lalo,” ngoku khangela, “ebunzini okanye esandleni,” olo *lulwazi* okanye *isenzo*. Oko akuthethi ukuba unomvambo omkhulu ebusweni bakho. Alufanelanga ukuba lube koko. Aluthethi ngomphandle. Luthetha ngokwasemoyeni.

<sup>235</sup> Kwaye mkhangele uze ubone ukuba yintoni na ayaziyo malunga neSibhalo. Mphulaphule uze ubone apho aya khona. “Ukuba nabani na akanayo le Mfundiso, akukho kuKhanya kuye,” iBhayibhile yatsho. Yabona? Yabona? Mkhangele apho aya khona. Mkhangele into ayenzayo.

<sup>236</sup> Uthi, “Ke, ndi—ndingowe. NdingumProtestanti. Ewe, mhlekazi. Ndi—ndingoweli bandla lithile. Ewe, mhlekazi.” Kwaye ngeCawe unentlonipho eyaneleyo ngenxa yayo yokuba ungene uphume ngemvula. Uyehla, endaweni yokuya kumhlangano womthandazo, niyakuyivala inkonzo, nize nihlale kwaye nibukele umabonakude. Uyaphuma apha aze asele kwaye aqhubele phambili, kwaye enze njengehlabathi lonke, nangoko ungowebandla. Khumbulani, olo luphawu lwesono.

237 Ngoku makhe sifunde siqhubele phambili kancinane, ngokukhawuleza, ndize ngoko ndivale. Silidlule ixesha. Makhe sifunde ngoku umqolo we-6.

*Ndaza Ndayibona inkazana ngoku (ibandla) inxile ligazi labangcwele, . . .*

238 “Inxile ligazi labangcwele.” Uyazi, iBhayibhile yathi, xana yatshatyalaliswa, ukuba wonke umntu owafayo, phezu komhlaba, ityala lafunyanwa kwicawa yamaKatolika. Ngokuchanekileyo, ekuqalekeni.

*. . . negazi labafeli nkolo bakaYesu: kwaye . . .  
(uYohane ethetha ngoku) . . . kwaye xana ndayibonayo,  
ndamangala ngokumangala okukhulu.*

239 UYohane wathi! Ngoku makhe sijonge apha. UYohane wathi, “Ndakhangela kuye; wayemhle kakhulu, icawa enkulu ethandekayo. Yayinegquba elininzi leecawe elizelwe liphuma kuyo, ‘unina wamahenyukazi.’ Ndaze ndakhangela emva ngaphaya, nendlela loo nkazana . . . Yayinikezela loo mfundiso yobuxoki, ibangela bonke ookumkani kunye nabuntu abakhulu ukuba benziwe banxile yiyo. Kwaye apha iintombi zayo zenza kwaloo nto inye. Kodwa, ndamkhangela; wayemhle kakhulu!”

240 Enye indawo eSibhalweni yathi, “Ndihleli njengokumkanikazi kwaye andiswele nto.” Yabona?

241 Kwaye ngoko yena, uYohane, wathi, “Ndamangalela. Ndamkhangela, ndaza ndajonga ngokumangala okukhulu. Ndamangalela.”

*Saza isithunywa sathi kum, Yini na ukuba umangaliswe? Ndiya kukuxelela . . . Ndiyakukuxelela imfihlelo yenkazana leyo, kunye . . . nerhamncwa elo eliyithweleyo, elo line . . . ntloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.*

242 Ngoku makhe sibone ukuba besichanile na. Ukuba sifumene ubuKatolika ngokuchanekileyo na, ngoko niyazi ukuba ubuProtestanti buyabulandela. Ke ninayo . . . Nina, ninengqondo ngokwaneleyo ukuba nikwazi oko, yabona. Khangela.

*Irhamncwa owalibonayo lalikho, . . . alikho; kwaye likho . . .*

243 “Irhamncwa.” Ngoku khangela. Ngoku uyakuqaphela ngapha, yathi babebangaphi ookumkani ababekho; bawa njani, omnye kumele eze.

*. . . aze anyuke ukuphuma enzonzobileni, . . .*

244 Hayi kwiBhayibhile! Ukuphuma kwigquba leenkolelo yenziwa. Akukho mvelaphi ngenxa yayo. Uyifumana phi “intlambululo miphefumlo” phaya? Uyifumana phi lento “yokungadli nyama,” kunye “nompristi ongatshatiyo,”

nazo zonke ezinye izinto abazenzayo, “ukuvuma izono”? Ukufumana phi oko na? Akukho ndawo naphi na apho ungayifumana khona. Iphuma esihogweni. IBhayibhile yatsho njalo. Yaphuma, irhamncwa, amandla, imfundiso elalinayo, “Yaphuma enzonzobileni.”

...kwaye lisiya *entshabalalweni*: . . .

<sup>245</sup> Iphi i “ntshabalalo”? Isihogo. Libuyela kanye kwindawo apho livela khona.

...*kwaye abo bahleliyo phezu komhlaba baya kumangaliswa, abamagama abo angabhalwanga encwadini. . . ukususela kwasekusekweni kwehlabathi, xana balibonayo irhamncwa elalikhho, . . . elingekhoyo, ukanti likho.*

<sup>246</sup> Ngoku, iicawa zamaProtestanti zithi, “Ke, inokwenzeka njani loo nto, xana besithi, ‘Ndiyakholwa kuYesu Kristu. UnguMsindisi wam buqu?’” Umtyholi uyakholwa, naye, mzalwana.

<sup>247</sup> Kufuneka ukuba ibe luzalo olutsha, uZalo olutsha, ukuzalwa ngokutsha. Kwaye xana uzelwe ngokutsha, igama lakho lifakwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana.

<sup>248</sup> Uthi, “Ndihlala ndizibuza. Ke, yintoni, andilunganga njengaye omnye umntu? Andilunganga njengegquba lenu baqengqeleki bangcwele ndini bazizidenge? Ndikrelekrele njengoko. Ndibangenisile. . .Ndinezidanga. Ndiphuma ekholejini. Ndiphuma kusapho olulungileyo. Abantu bakowethu babengamalungu ecawa, ngaphambi kwam. Andilunganga njengani?”

<sup>249</sup> Yathi, “Ihlabathi liphela,” amaProtestanti kunye nabo bonke, “balandela,” bonke ngaphandle kwabo abamagama abo abhaliweyo eNcwadini.

<sup>250</sup> Kwakutheni ukuze amagama abhalwe? BayiMbewu ka-Abraham, “kwaye bazindlalifa ngokwedinga, bonyulwa ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.” Yiyo loo nto bangalandeliyo. Qaphela apha, ngoku khangela lonto awayitshoyo. Khangela aba bakwiNcwadi yoBomi yeMvana.

*Kwaye nantsi ingqiqo leyo enobulumko.*

<sup>251</sup> Ngoku ndifuna ukunibuza into ethile. Ingaba ubulumko sesinye sezibabalo zoMoya oyiNgcwele? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba kunjalo oko? Bangaphi abakholwa ukuba iBhayibhile, eyokuQala yamaKorinte 12, ifundisa ukuba izibabalo nako konke ebandleni, bubulumko, makhe sibone, esinye sezibabalo? Ke, ungatsho njani ukuba akukho ukuthetha ngeelwimi ngoko? Utsho njani ukuba akukho ukutolikwa kolwimi? Ungatsho njani, ukuba akukho mpiliso iNgcwele? Kuba kwalo mzimba mnye. . . Ukuba ndingumzimba, ndinesandla ngakwelicala, nesandla ngakwelicala, nonyawo



*phaya*, ungatsho njani na ukuba isandla asi, lulo unyawo? Anizange niyive lonto uPawulos awayitshoyo?

252 Ngoku khangelela, uthetha ngemihla yokugqibela, ngokuthe ngqo kuMzimba, wathi, “Apha kukulowo unobulumko.” Owu, ndiyakuthanda oku. Owu, bethu! Nantsi into eyakukothusa. Phulaphula koku. Kulungile. “Nantsi ingqiqo leyo inobulumko.” Ukuba ezo zibabalo zikaMoya oyiNgcwele azizange zihle kuso sonke isigaba, kwakutheni ukuze athethe oku ngemihla yokugqibela ngoko? Ukuba akusayi kubakho zibabalo ebandleni, ngemihla yokugqibela, kwakutheni ukuze ajolise oku kwimihla yokugqibela ngoko? “Apha kukulowo unobulumko.”

*.. Iintloko ezisixhenxe zintaba ezisixhenxe, ehleli phezu kwazo inkazana.*

253 Zingaphi iinduli? Zingaphi izixeko ezisehlabathini, nangona, apho icawa ihleli phezu kweenduli ezisixhenxe? Sinye kuphela. Kuphi apho? KwiSixeko saseVatican eRoma. Kunjalo oko? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] IBhayibhile yathi ukuba elihenyukazi libi elo lenze ukuba lonke ihlabathi lihenyuze, laza lavelisa igquba leentombi ezincinci ukuba zifundise malunga naloo nto inye layenzayo; zazingekho mbi njengalo, kodwa zazingamahenyukazi. Wazifundisa into efanayo. Wathi, “Ingqalo yayo iya kuba yinkazana,” okanye ibandla, “elihleli phezu kweenduli ezisixhenxe,” eRoma. Ndikhangele kulo lonke ihlabathi; ndixelele apho likhoyo, “ibandla elihleli phezu kweenduli ezisixhenxe.” Ngoku ndifunda oku ngokuphuma eBhayibhileni.

*Kwaye kukho ookumkani abasixhenxe: abahlanu bawile,...*

254 Ukuba sinokuthatha imbali, kwaye sibuyele kanye emva size siyibonise, apho ookumkani bawa khona, eRoma, ukususela kubukumkani baseBhabheli.

*.. omnye ngu (Nero), nomnye useza; kwaye... umelwe kukughubeka ithuba elifutshane (malunga neenyanga ezintandathu) xana efika.*

255 “Kwaye irhamncwa...” Owu! Khangela koku. Ngoku amandla ayakuthabatha indawo yobuhedeni.

*Kwaye irhamncwa elo lalikhlo, nelingekhoyo, nkqu... ungowesibhozo, (ngoku khangelela) kwaye ungowa basixhenxe,...*

256 Niyazi nonke ukuba wayengukumkani owayekhohlakele kangakanani na. Yena wabo-... Wabophelela umama wakhe kwihasha ledyokhwe enye waza wamruqa ezitalatweni, kwaye watshisa isixeko ngomlilo, waza wabhabhazela endulini. Lolo hlobo lunye lomoya olo olulawula ibandla elo elihleli endaweni yobuhedeni. “Owesibhozo, ongowabasixhenxe. Kwaye ngoko

ukho, aze angabikho; aze abekho, aze angabikho; aze abekho, aze angabikho,” ukuhla njalo.

*. . . aze aye entshabalalweni.*

257 Ukuqhubeka njalo kude kube lixesha lokuBuya kweNkosi, aze aphoswe esihogweni.

*Kwaye iimpondo ezilishumi ozibonileyo zingookumkani abalishumi, abangekamkeli bukumkani okwangoku; kodwa bamkela amandla njengookumkani iyure enye kunye nerhamncwa.*

258 Owu, ukuba nje besinako. . . “Abamkelanga mandla okwangoku.” Abangookumkani. Babengenayo. . . Abanako. Iimpondo zazingenazithsaba. “Bamkela amandla njengookumkani.” Yintoni leyo? Oozwilakhe; hayi ookumkani abathweswe izithsaba. Oozwilakhe! Owu, bethu!

259 Ngoku, owu, xana ndifunda oku, ngamanye amaxesha intliziyo yam iyaxhuma luvuyo, kulungile, xana ndicinga ngendlela esiphila ngayo apha ngomhla wokugqibela.

*Kwaye iimpondo ezilishumi ozibonileyo zingookumkani abalishumi, abangekabamkeli ubukumkani okwangoku; kodwa bamkela amandla njengookumkani iyure enye kunye nerhamncwa.*

*Aba banengqiqo enye, baya kunikela amandla nokomelela kwabo kulo irhamncwa.*

*Aba baya kwenza imfazwe neMvana, kwaye iMvana iya kubeyisa: . . .*

260 Kuya kufika iDabi le-Armagedon; lilungele iNkulungwana.

*. . . kuba uyiNkosi yenkosi, noKumkani wokumkani: . . . (musa ukushukunyiswa). . . baze abo bakunye naye babizwa, ngabakhethiweyo, . . .*

261 Hayi nina; Unako. NinoMoya oyiNgcwele, nimelwe kukukhwaza uloyiso. UThixo wanikhetha kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi. Ukuba awunako ukubona ukuKhanya kweVangeli, kungenxa yokuba u—uyimfama nje.

*. . . abakhethiweyo, nabathembekileyo.*

*Kwaye sathi kum, Amanzi owabonileyo, apho ihenyukazi lihleli khona, ngabantu, . . . inkitha, nezizwe, neelwimi.*

262 Ngamanye amazwi, le nkazana ihleli apha, ibandla, iyakudlulisela imfundiso yayo kubo bonke abantu, inkitha, nolwimi. Nantsiya. Yayinolawulo phezu kwazo. ihleli phezu kwazo, amandla azilawulayo. Ihleli phezu kweenduli ezisixhenxe, yambethe ingubo emfusa, ihonjiswe ngezona zinto zityebileyo zehlabathi. Nantso ke apho ikho.

*Kwaye neempondo ezilishumi owazibonayo phezu kwerhamncwa, ezi ziya. . .*

263 Khangela ngoku, ningena kumandla obukomanisi.

*...ezi ziya kulithiya ihenyukazi, zaye ziyakuliphanzisa zilihlube, kwaye zidle inyama yalo, zize zilitshise ngomlilo.*

*Kuba uThixo ubekile ezintliziyweni zazo ukuba zizalisekise ukuthanda kwakhe, nokuba zivumelane, kwaye zinikele ubukumkani bazo kwirhamncwa, ade amazwi kaThixo...azalisekiswe.*

264 Haleluya! “Amazulu nomhlaba aya kudlula, kodwa iLizwi likaThixo alisayi kudlula.” Khangela!

*...inkazana owayibonayo...*

*..Inkazana owayibonayo seso sixeko sikhulu, esilawulayo phezu kookumkani bomhlaba.*

265 Ndibonise isixeko sibe sinye ehlabathini eso silawulayo phezu kookumkani bomhlaba, ukuphuma nakweyiphi na indlela leyo ofuna ngayo, ngaphandle kolawulo lwamaKatolika eRoma, oluhleli phezu kweenduli ezisixhenxe. Akukho nasinye isixeko, asizange sabakho, kwaye asisayi kubakho; ngaphandle kweSixeko eSitsha eso esivela eZulwini. Kunjalo oko.

266 Ngoku, umzuzu nje. Ndifuna ukunibonisa oku kwakhona, ukuze iNkosi ikhumbule kwaye isikelele kunye njengoko sifunda oku. Kulungile. Khangela apha ngoku, ndifunda isahluko se-13. Ndiqala kumqolo we-15.

*Kwaye lalinamandla okunika ubomi kumfanekiso...*

267 Oko kuse-United States, esikubonileyo kuvela, uyabona, umfanekiso.

*...ukuze umfanekiso werhamncwa kokubini uthethe, lize libangele ukuba abaninzi abo bangayi kunqula umfanekiso werhamncwa babulawe. (Oko kukwala.)*

*Kwaye lababangela bonke, kokubini abancinane kunye nabakhulu, abazizityebi namahlwempu, amakhoboka nabakhululekileyo, ukwamkela uphawu esandleni sabo sokunene, okanye umphathi wabo...-entlokweni.*

*Nokuze kungabikho bani unako ukuthenga nokuthengisa, ingenguye lowo unophawu, okanye igama lerhamncwa, okanye inani legama lalo.*

268 Ngoku khangela, ngoku, ngenyameko ngoku, ngenyameko ngenene, phambi kokuba sivale. Umqolo we-18. Phulaphulani.

*Nabu ubulumko.*

269 Yabona uMoya oyiNgcwele ebiza kumakholwa ngomhla wokugqibela? Ela qela lincinane liphaya, ethetha, ebiza kweli qela lincinane ngalo mhla, “Apha kukulowo unobulumko ebandleni. Makakuqonde oku.”

*...Makhe lowo unengqiqo abale amanani werhamncwa: kuba linani lomntu, (hayi isizwe) umntu; kwaye inani lakhe ngamakhulu amaThandathu anamashumi amathandathu anesithandathu.*

<sup>270</sup> Kwaye kanye phezulu ngaphezu kwiSixeko saseVatican... Musa ukundixelela ngoku; Ndine *Facts Of Our Faith*, nazo zonke, yabona. Phezulu ngaphaya kwiSixeko saseVatican, kwaye upopu umi njengo “mmeli woNyana kaThixo.” Ndinabahlobo abangamaKatolika abahleli kanye apha, abo babengamaKatolika, abahleli apha kwaye bayazi ukuba leyo yinyaniso. Abantu bakowethu, mhlawumbi, ngaphambi kwam, babengamaKatolika, nabo. Yabona?

<sup>271</sup> Babiza uPatrick oNgewele umKatolika, kwaye akazange waba ngumKatolika. Bathi uJoan wase-Arc wayengongcwele; kwaye abapristi bamtshisa njegegqwirha. Akumangalisi uYesu watsho, “Niwenza mhlophe amangcwaba abaprofeti, kwaye nini enibafake phaya, mandonga ndini aqatywe mhlophe.” Kunjalo oko.

<sup>272</sup> Khangela, linani lomntu. Kwaye phezulu ngaphezu kopopu waseRoma, kubhaliwe, “VICARIVS FILII DEI.” Kubhalwe ngonobumba besiRoma. Nje babhale ngokwakho, ngomso. V, I, C, I, R, owu, bagcine nje, ngoonobumba besiRoman, kwaye ukrwele umgca wakho kwaye wengeze ukunyuka, uze ubone lonto uyifumanayo: amakhulu amathandathu anamashumi amathandathu anesithandathu. Uhleli phi na? “Kwiinduli ezisixhenxe.”

<sup>273</sup> Kwaye ukuphuma phaya kweza umbutho wenkolo, lowo owafundisa imfundiso endaweni yeBhayibhile. Kwaye amaProtestanti agqabhuka ukuphuma kuwo, kwaye enza kanye kwaloo nto inye abayenzayo, kuba Yathi waye li “HENYUKAZI,” kwaye babenga “MAHENYUKAZI.” Baphuma nobhaptizo lobuxoki, kunye nenkolo yobuxoki, kunye nokuqonda ngendlela engeyiyo uMoya oyiNgcwele, kunye nokuqonda ngendlela engeyiyo yesihogo, nazo zonke ezi zinto ngolo hlobo, aze amaProtestanti alandela kanye phantsi ezinyathelweni.

Kodwa kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa,  
Indlela yobuQaqawuli niyakuyifumana  
ngokwenene; (Kunjalo oko.)  
...indlela, kukuKhanya namhlanje,  
Ungwatywe eGameni elixabisekileyo  
likaYesu.  
Abatsha namdala, guqukani esonweni senu  
sonke,  
UMoya oyiNgcwele ngokuqinisekileyo uya  
kungena ngaphakathi;

Izibane zangokuhlwa zifikile,  
Liyinyaniso elokuba uThixo noKristu baNye.  
(Amen!)

<sup>274</sup> Mzalwana, ndiyakuxelela, iZibane zangokuhlwa ziyakhanya. Kwa loMfundiso yobupostile inye, kwa ubhaptizo lobupostile olufanayo, kwa ukuzaliswa kobupostile okufanayo koMoya oyiNgwele, kwa loo miqondiso nezimanga zinye zobupostile, ziyakroba kuzo iiNtlanga; njengoko zenzayo kumaYuda, emva phaya kwangoko ngentsasa, nazi apha ekutshoneni kwelanga.

Kukho abantu phantse kuyo yonke indawo,  
Abantliziyo zabo zonke zivutha amadangatye  
NgoMlilo lowo owawayo ngePentekoste,  
Lowo owabahlambululayo waza wabenza  
bacoceka;  
Owu, Uyavutha ngoku ngaphakathi  
entliziweni yam,  
Owu, makuzukiswe iGama Lakhe!  
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi  
ndingomnye wabo.

Omnye wabo, ndingomnye wabo,  
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi  
ndingomnye wabo;  
Omnye wabo, omnye wabo,  
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi  
ndingomnye wabo.

Babehlanganisene kwigumbi eliphezulu,  
Bonke bethandaza eGameni Lakhe,  
Babhaptizwa ngoMoya oyiNgwele,  
Kwaye aMandla entsebenzo afika;  
Ngoku into Awabenzela yona ngaloo mhla  
Uya kukwenzela yona ngokufanayo,  
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi  
ndingomnye wabo. (Awunjalo?)

Yiza, mzalwana wam, funa le ntsikelelo  
Leyo eya kuhlambulula intliziyo yakho  
ukusuka esonweni,  
Iya kuqalisa ukukhala kweentsimbi zovuyo  
Kwaye iya kuwugcina umphefumlo wakho  
uvutha;  
Owu, iyavutha ngoku ngaphakathi  
entliziweni yam,  
Owu, uzuko kwiGama Lakhe,  
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi  
ndingomnye wabo.

<sup>275</sup> Owu, ngenxa yale Vangeli izukileyo!

Ivuza egazini, ewe, ivuza egazini,

276 Bala iindleko! “Ukuba uya kuNdilandela, makhe azincame, awuthwale umnqamlezo wakhe,” ukufa, “aze aNdilandele.”

Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ivuza igazi,  
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ivuza igazi.  
 Owokuqala ukufela eli cebo likaMoya  
 oyiNgcwele,  
 YayinguYohane umBhaptizi, kodwa wafa  
 njengomntu;  
 Ngoko kweza iNkosi uYesu, baYibethelela  
 emnqamlezweni,  
 Washumayela ukuba uMoya uya kubasindisa  
 abantu esonweni.  
 Kwakukho uPetros noPawulos, kunye  
 noYohane ongcwele,  
 Banikela ngobomi babo ukuze le Vangeli ibe  
 nokuqaqamba;  
 Baxubanisa igazi labo, kunye nelabaprofeti  
 bakudala,  
 Ukuze iLizwi likaThixo lokwenyani lixelwe  
 ngokunyaniseka.  
 Ngoko baxuluba uStefano ngamatye,  
 eshumayele nxamnye nesono,  
 Wabaqumbisa kakhulu, batyumzela  
 ubuchopho bakhe ngaphakathi;  
 Kodwa wafa ekuMoya, wanikela ngomoya,  
 Waza waya kuzimanya nabanye, loo mkhosi  
 unikela ngobomi.  
 Ivuza igazi, ewe, ivuza igazi,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele iqhubeka ivuza  
 igazi,  
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele iqhubeka ivuza  
 igazi.  
 Imiphefumlo ephantsi kwesibingelelo,  
 iyakhala, “Kuya kuze kubenini?”  
 Ukuze iNkosi ibohlwaye abo benze  
 okungalunganga; (Behlekisa, yabona. Owu,  
 bethu!)  
 Kodwa kuya kubakho abangakumbi abaya  
 kunikela ngegazi lobomi babo  
 Ngenxa yale Vangeli yoMoya oyiNgcwele  
 kunye nesikhukula sayo esibomvu.  
 Ivuza igazi, ewe, ivuza igazi,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ihlala ivuza  
 igazi,  
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,


Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ivuza igazi.

277 Makhe sijike, sixhawulane isandla somnye komnye ngoku.

Ivuza igazi, ewe, ivuza igazi,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ivuza igazi  
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,  
 Le Vangeli yoMoya oyiNgcwele ivuza igazi.

278 Ingaba niyayithanda iNkosi? INkosi inisikelele.

279 Bawo, siyathandaza ukuba Usikelele esi sihlwele, yanga bangaya ekhaya bevuya. Banga bangeza kuMthombo ozaliswe liGazi, elifunxwe emithanjeni ka-Emanuweli. Banga bangabushiya bonke ubucawa bakudala, kwaye baze ukuba bamkele uMoya oyiNgcwele. Siyathandaza eGameni likaYesu. Amen.

UThixo anisikelele. Busuku benzolo. UThixo abe nani. 

54-0513 Uphawu Lwerhamncwa  
e-Branham Tabernacle  
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)



## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)